



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

**IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
2013/2014 - 2015/2016**

Amanqakwana:

1. Ukuchuleza ekufundeni nokutolika olu Xwebhu

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka seSebe iWCED (*WCED Annual Performance Plan (APP)*) masifundwe kunye nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule seMinyaka emiHlanu (*Five-year Strategic Plan (2010 – 2014)*).

Uxwebhu lwe-APP luqulunqwe ngokwethemphlethi kaNondyabo kaZwelonke. Oku kuye kwatshintshwa kwakhona kwaba yithemphlethi yecandelo lezefundo.

Iimali ezabelwe imfundo zahlulwe ngokweeprogram eziyi-9. Iprogram nganye icaciswa ziiprogram ezisekelayo zikazwelonke. Ezi program zidweliswe ekuqaleni kwiprogram nganye.

IiTheyibhile zebhajethi ezimiselwe nguzwelonke (Nationally-defined Statistical Tables (BTs) zifakwe iinombolo ngokweprogram echaphazelekayo. Itheyibhile nganye yeBT inesethi yezalathi ezibonisa imali. Kukho izalathi zikazwelonke ezibizwa ngokuba “YiMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram” nezalathi zephondo ezibizwa ngokuba “ziZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram

KwiziHlomelo kukho itheyibhile zedatha ekususelwa kuzo ukwenza ucwangciso kuzwelonke, ukubeka esweni, novavanyo olwenziwa kuzwelonke. Zikwabeka imilinganiselo engumzekelo (*benchmarks*). Iinkcukacha-manani zezecandelo liphela zaze emva koko zahlula-hlulwa zazezesethana (*subset*) nganye o.k.t uNdlunkulu (obandakanya izithili zemfundo); zonke izikolo zikarhulumente eziphinde zahlulwa zaba ziiprayimari, iisekondari, izikolo ezizimeleyo, izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa, iiKholeji zeFET, imfundo yabadala, imfundo yabantwana abasaqalayo ukufunda neenkonzo ezincedisayo.

Makuqatshelwe ukuba amanani ka-2012/13 kwitheyibhile aluQikelelo oluHlenga-hlengisiweyo.

2. Iikopi eziguqulweyo:

Ikopi zolu xwebhu ngolwimi lwesi-Afrikansi nesiXhosa ziya kumaneka kwiziko lewebhu leWCED apha <http://wced.school.za> kwiintsuku ezingama-30 zokwandlalwa kwalo.

3. Isihlomelo:

Iikopi “zesihlomelo E” (*Technical Indicators for the Programme Performance Indicators*) zifumaneka apha <http://wced.school.za> ”

PR Number: PR36/2013
ISBN Number: 978-0-621-41601-5

Ukufumana iikopi zolu xwebhu, kucelwa uqhagamshelane nalo:

Head: Education,
Private Bag X9114,
Cape Town, 8000.
Ifoni: 021 467 2531
Ifeksi: 021 461 3694
I-imeyili: media1.media1@westerncape.gov.za

Olu xwebhu luya kufumaneka xa luceliwe ngesi-Afrikansi nangesiXhosa malunga ne-31 Matshi 2013.

Ukunikezelwa koxwebhu ngokusemthethweni

Esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka

-siqulunqwe ngabaphathi beSebe leMfundo leNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa weMfundo weSebe eNtshona Koloni

-silungiswe ngokungqinelana nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule esikhoyo ngoku seSebe leMfundo leNtshona Koloni; yaye


-sibonisa ngokuchanekileyo iithagethi zentsebenzo iSebe leMfundo leNtshona Koloni eliya kuzama kangangoko ukufikelela kuzo ngokuxhomekeka kwimali efumanekayo kwibhajethi ka-2013/14



Mnu Leon Ely
IGosa lezeMali eliyiNtloko



Nks Anne Schlebusch
IGosa eliyiNtloko elijongene nezoCwangciso



Nks Penny Vinjevoid
IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

Sivunywe ngulo:



UMphathiswa Donald Grant
OneGunya loLawulo

Iziqulatho

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1.	Umbono	1
2.	Eyona njongo iphambili	1
3.	linjongo.....	1
4.	limfundiso eziziseko	2
5.	Imbulambethe nguMphathiswa	2
6.	Intshayelelo liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali	3

ICandelo B: Inkcazo yesiCwangciso soBuchule

1.	IsiCwangciso <i>Schooling 2025</i>	5
2.	Imvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo	5
3.	Ucazululo lweMeko eziQhubekayo oluhlaziyiweyo	6
3.1.	Imeko eNgqonge uKwenziwa kweeNtsebenzo	6
3.2.	Imeko eNgqonge iSebe	10
3.3.	Uhlaziyo lweMithetho nezinye iziGunyaziso	10
4.	Amaphulo ongenelelo ngoncedo acwangcisiweyo neeprogram	13
4.1.	Iprayorithi zeBhajethi zaMacandelo	13
4.2.	Izicwangciso zePhondo	14
5.	Isishwankathelo seBhajethi ka-2013/14 noQikelelo lwe-MTEF	24
5.1.	UQikelelo lweNkcitho neeTheyibhile zeBhajethi zamaCandelo	24

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo

1.	IProgram 1 : Ezolawulo	27
1.1.	linjongo zoBuchule, iZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2013/14	28
1.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	31
1.3.	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	35
1.4.	IiThagethi zaQho ngeKota.....	35
2.	Iprogram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	36
2.1.	linjongo zoBuchule, iZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2013/14	37
2.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	41
2.3.	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	44
2.4.	IiThagethi zaQho ngeKota.....	45
3.	Iprogram 3 : linkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo	46
3.1.	Injongo yoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2013/14	47
3.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	48
3.3.	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	49
3.4.	IiThagethi zaQho ngeKota.....	49
4.	Iprogram 4: Imfundo yeSikolo esineeMfuno eziZodwa sikaRhulumente	50
4.1.	Injongo yoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2013/14	53
4.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	54
4.3.	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	55
4.4.	IiThagethi zaQho ngeKota.....	55

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo (zisaqhutywa)

5.	IProgram 5 : Imfundo noQeqesho oluQhubekayo	56
5.1.	Injongo yoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2013/14	58
5.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	59
5.3.	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	59
5.4.	IiThagethi zaQho ngeKota.....	59
6.	IProgram 6 : Imfundo yaBadala noQeqesho	60
6.1.	Injongo yoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2013/14	61
6.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	62
6.3.	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	62
6.4.	IiThagethi zaQho ngeKota.....	62
7.	IProgram 7 : UPuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukufunda	63
7.1.	linjongo zoBuchule, iZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2013/14	64
7.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	65
7.3.	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	66
7.4.	IiThagethi zaQho ngeKota.....	66
8.	Programme 8: UPuhliso lweziseko (Infrastructure Development)	67
8.1.	linjongo zoBuchule, iZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2013/14	67
8.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	71
8.3.	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho	72
8.4.	IiThagethi zaQho ngeKota.....	72
9.	IProgram 9 : linkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo	73
9.1	Injongo yoBuchule neeThagethi zoNyaka zango-2013/14	73
9.2.	Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF	74
9.3.	INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho.....	76
9.4.	IiThagethi zaQho ngeKota.....	76

ICandelo D : Ukunxibelelana nezinye iziCwangciso

1.	UkuNxibelelana neZiseko zoPuhliso zeThuba eLide kunye neZinye iziCwangciso zeMali	77
2.	Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	83
3.	Amaqumrhu axhaswa ngurhulumente (<i>Public entities</i>)	86
4.	Amaphulo obambiswano phakathi kukarhulumente namaqumrhu abucala	86

Izihlomelo.....

1.	IsiHlomelo A: Isicwangciso soMsebenzi 2014 neZalathi zeMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo....	87
2.	IsiHlomelo B: Isishwankathelo seMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram	89
3.	IsiHlomelo C: ITheyibhili zeNgcaciso eziFanelekileyo ekuCwangciseni iCandelo lezeMfundo	97
4.	IsiHlomelo D: Izishunqulelo	103
5.	IsiHlomelo E: I-oganogram	104
6.	Isihlomelo F: Okuqhubekayo kutshanje kwisiCwangciso soBuchule (<i>Strategic Plan update</i>)	107

ICandelo A: Ingcaciso ngokubanzi

1. Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kuphunyezwa ngeenjongo ezintathu ezongameleyo nezona ziphambili:

1. Ukuphucula ulwimi nemathematika kwizikolo eziziprayimari
2. Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
3. Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi

2. Eyona njongo iphambili

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza oku kulandelayo:

- Ucwangciso nolawulo jikelele lwenkqubo yemfundo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Inkxaso enikwa izikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfuno ezizodwa
- Imfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji ze-FET zikaRhulumente
- Imfundo yaBadala noQeqesho (AET) kumaziko emfundo oluntu
- UPhuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukuFunda (ECD) kwiBakala R
- Amathuba oqeqesho olwenzelwa ootitshala nabangezotitshala
- Iprogram yokutya namanye amanyathelo okuphelisa intlupheko nawokhuseleko athagethiweyo
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelela ngezona meko zengqesho zisisiseko, ngezikhuthazi (*incentives*) nangeprogram yempilo-qete yabaqeshwa

3. Iinjongo eziCwangciswe ngoBuchule eziJolise kwiZiphumo zokuFunda (*Strategic Outcome Oriented Goals*)

Injongo 1 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukuphucula uLwimi neMathematika kwiZikolo eziziPrayimari
INkcazo yeNjongo	Ukuphucula umgangatho wentsebenzo kuLwimi nakwiMathematika ukwenzela ukuba abafundi baqhuba ngokomgangatho weminyaka yobudala babo ngo-2014 ngolu hlobo lulandelayo: IBakala 3: ULwimi:yi-40% yabafundi ukuze kwiMathematika: ibe yi-60% yabafundi. IBakala 6: ULwimi: yi-40% yabafundi ukuze kwiMathematika: ibe yi-33% yabafundi. IBakala 9: ULwimi: yi-55% yabafundi ukuze kwiMathematika: ibe yi-20% yabafundi. Amanqaku aya kulandelelwa ngokumana kusenziwa uvavanyo qho ngonyaka kwaye amaphulo ongenelelo ngoncedo aya kutshintshwa apha naphaya ngokungqinelana noku
Injongo 2 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukuphucula amanani abafundi apasayo nomgangatho wokupasa kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke
INkcazo yeNjongo	Ukuphucula amanani abafundi abapasa iimviwo zeNSC ngokubonelela ngeencwadi zezifundo, ngeeprogram zoqeqesho lootitshala, ngolawulo nangenkxaso. lithagethi zango-2014 ngabafundi abayi-43 000 amabapase iNSC nabayi-18 500 amabapase yaye bamkelwe kwisiDanga sokuQala (<i>Bachelor's degrees</i>); abafundi abayi-11 500 mabapase iMathematika, nabayi-8 400 amabapase i-Physical Science.

Injongo 3 eCwangciswe ngoBuchule neJolise kwiZiphumo zokufunda	Ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi
INkcazo yeNjongo	Ukupheliswa kokuqhuba kakubi kwabafundi kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo eziphakamileyo: oko kukuthi, makungabikho sikolo sinereyithi yokupasa engu-<60% ngo-2014. Ukuphelisa ukuqhuba kakubi kwabafundi kwamanye amabakala njengoko oku kulinganiselwa ngezi mvavanyo: <i>Annual National Assessment (ANA)</i> kumabakala 1 – 6 no-9 neemvavanyo zeSebe iWCED zamabakala 3, 6 no-9.

4. Iimfundiso ezisisiseko

- Ukubaluleka kakhulu komfundi
- Iimfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu waMalungelo oLuntu
- Ukusebenza ngokugqwesileyo ngokuthi kubekho abasebenzi abangootitshala abawenza kakuhle umsebenzi wokufundisa, abanikwa inkxaso, abaxhotyiswe ngezakhono nabaqeqeshwe ngokufanelekileyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo
- Uxanduva lokuphendula nokwenzela izinto ekuhlени (*Accountability and transparency*)
- Ukuthembeka nokusebenza ngokugqwesileyo kwimisebenzi yolawulo neyokunika inkxaso

5. Imbulambethe eyenziwa nguMphathiswa

Enye yeenjongo ezongameleyo zikaRhulumente weNtshona Koloni kukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo, njongo leyo eliliteyile lembombo kumbono wethu wokudala amathuba alungiselela wonke umntu. Ukubonisa ngezenzo lo mbono, ngoNovemba 2009, saqulunqa saza sakhupha isicwangciso sobuchule sezemfundo ukulungiselela iminyaka 2010 – 2019.

Injongo yesi sicwangciso kukuphucula umgangatho wokupasa kwabafundi kuLwimi nakwiMathematika nakwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, nokunciphisa ireyithi yabafundi abayeka isikolo bengagqibanga ukufunda (*dropout rate*). Ukuze sifikelele kule njongo, isicwangciso sigxininisa kwiinkalo eziyiphayorithi eziphambili (*key priority areas*) yaye sicacisa iithagethi zentsebenzo ephuculweyo kwiPhondo.

Yinkqubo yezemfundo enokuhlala ixesha elide, egxininisa kwimiba ethile necwangciswe ngendlela eyiyo. Ekupheleni kuka-2014, siya kuba sibeka isiseko esiluhlalile sokuphucula umgangatho wokupasa kwabafundi. Kwithuba eliya kulandela, ngo-2014 – 2019 abafundi bethu baya kuvuna iziqhamo zale nkqubo eese ilungisiwe yaphantsi kolawulo ukufikelela kwiithagethi ezimiselweyo.

Sele kuyiminyaka emi-3 esi sicwangciso savunywayo yaye sinokutsho ngokuzithemba ukuba kwenziwe inkqubo ebonakalayo ekuzinziseni iziseko eziyimfuneko zokufikelela kwiinjongo zethu zokuphucula umgangatho wemfundo neziphumo zokufunda eNtshona Koloni.

Kule minyaka mithathu idlulileyo, siqaphele amanyathelo ethuba elifutshane nawethuba elide aya kusinceda sifikelele kwiinjongo zethu. Sele sithathe, umzekelo, amanyathelo ethuba elifutshane afana nokukhawulezisa ukupapashwa kwezintlu zezithuba nokuphucula iisistim zoxibelelwano. Iinjongo zethuba elide zibandakanya iinkalo ezifana nophuhliso lweziseko (*infrastructure development*), ukuqaliswa kokusetyenziswa kweencwadi zezifundo kuwo onke amabakala ne-*broadband ezizisiginali zoxibelelwano ezikoloweni*.

Siyazidla ngokuba sibenempumelelo yaye sisalindele impumelelo engaphezulu kulwini nakwi-mathematika kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kulo nyaka.

Kuyo yonke into esiyenzayo, siya kuqhubeka ngokubeka abafundi phambili nokuqinisekisa ukuba ootitshala bethu baphathwa njengabantu abaxabisekileyo nabaqeqeshiweyo njengoko benjalo. Isigqibo ngasinye esithathwayo esinxulumene nezemfundo eNtshona Koloni siya kuqhubeka ukuxhaswa yimfuno yokuphucula iziphumo zokufunda kweli phondo nokubonelela ngofikelelo olukhulu kwimfundo esemgangathweni.

6. Intshayelelo liGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali

Ngo-2012, izikolo zeSebe iWCED zawuphucula umgangatho wazo kwizifundo njengoko ulinganiselwa ngeziphumo zokupasa zangaphakathi nangeziphumo zeemvavanyo zenkqubo yezemfundo zangaphandle (*external systemic tests*) kumaBakala 3, 6 no-9 neemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

Ngo-2013, iSebe iWCED linenjongo yokuziphucula ezi ziphumo ngokungaphezulu. Kuya kuqwalaselwa ngokukodwa ekuphuculeni iireyithi zokupasa kumaBakala 1 no-9 namanani abafundi abapasa amaBakala 11 no-12. Ukuze kufikelelwe kwezi njongo iSebe iWCED liya kwakhela kwezi nkqubo ziyimpumelelo zilandelayo zethuba elidlulileyo yaye liqalise amaphulo amatsha ukunika inkxaso ukufunda nokufundisa.

IziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (School Improvement Plans (SIPs))

Ngo-2012 iSebe iWCED laqalisa i-SIP ekwikhompyutha (*electronic SIP*), eyafuna izikolo ukuba zimisele iithagethi yaye ziqulunqe izicwangciso zokuphucula ulwimi nemathematika kumaBakala 1-9 nakuzo zonke izifundo ezifundiswa kumaBakala 10 – 12. Ngo-2013, i-SIP yenziwe yalungela iimeko zosetyenziso lwayo yaye kwakhona zonke izikolo ziphinde zamisela iithagethi zaza zaqulunqa nezicwangciso zeziphumo zokufunda ezikumgangatho ophuculweyo. Ezi thagethi nezicwangciso ziya kubekwa esweni qho ngekota yaye inkxaso efanelekileyo nenomahluko iya kubonelelwa kootitshala nakwiikomiti zolawulo zezikolo liSebe iWCED.

Ukugaywa nokunyulwa kwamalungu eekomiti zolawulo zezikolo

Ukususela ngo-2010, iSebe iWCED liye lajolisa ekunikeni inkxaso amabhunga olawulo ukuba agaye yaye anyule iinqununu ezinenkathalo neziqeqeshelwe umsebenzi wokufundisa. Oku kube yinzuzo kwizikolo ezingaphezu kwe-200 phakathi ko-2010 no-2012, yaye kwiimeko ezininzi, sele uphucukile umgangatho weziphumo. Ngo-2013, iSebe iWCED liya kugxininisa ekugayeni nasekunyuleni ngexesha iinqununu, amasekela-nqununu neentloko zezifundo amazilawule izikolo zethu ngempumelelo.

Ukuthengwa nokusetyenziswa kweencwadi zezifundo

Ngo-2011 nango-2012, iSebe iWCED lathenga iincwadi zokufunda zamaBakala 1 – 6 nezamaBakala 10 no- 11. Ngo-2013, iincwadi zezifundo kumaBakala 7 – 9 no-12 ziya kunikwa zonke izikolo zikarhulumente. Sikwanenjongo yokubeka esweni yaye sinike inkxaso ekusetyenzisweni okwandileyo nokugcinwa kwezi ncwadi nezinye iincwadi.

Umgangatho weziseko zophuhliso ophuculweyo

Izikolo ezininzi eNtshona Koloni kunye neeklassi ezininzi azikulungele ukufunda nokufundisa okusemgangathweni. Ngo-2011 nango-2012 kubekho utyalo-mali olwandileyo ekwakhiweni nasekulungisweni kwezikolo neeklassi. Sikwazuze lukhulu kubahlali nakwinkxaso yabazali ngokumalunga nokulondolozwa nokulungiswa kwezikolo zethu. Ngo-2013, utyalo-mali lwethu kwiziseko zophuhliso luya kwanda yaye kuya kuqwalaselwa ngakumbi ekwandiseni inkcitho yethu kwiziseko zophuhliso ngeprojekthi zolondolozo ezininzi.

Inkxaso kwizikolo ezenza iinkonzo kubahlali nabantwana abathwaxwa yintlupheko

Ngo-2011 nango-2012, iSebe iWCED labuyisela izikolo imali ngenxa yabafundi ababexolelwe ekuhlawuleni iifizi. Ngo-2013, isixa esibhajethelwe ukubuyisela izikolo imali ngenxa yokuxolelwa kwiintlawulo zeefizi siya kwandiswa. Ukongeza apho, izikolo zamanqanaba entlupheko 2 no-3 ziya kufumana inzuzo ngokuthi kwenziwe zilingane izixa (*equalisation of the amounts*) ezihlawulwa izikolo ezikumqanaba amathathu angawona athwaxwa mpela yintlupheko. Izikolo zamanqanaba entlupheko 4 no-5 ezineefizi ezingaphantsi kwe-R1 000 ngonyaka nazo ziya kuzuzwa nazo kwizabelo-mali ezandisiweyo.

ISebe iWCED liya kuqhubeka nokubonelela

- ngokutya ngeProgram yokuTyiswa kwaBantwana kaZwelonke (*National School Nutrition Programme*) Ixabiso lokutya okunesondlo liya kuphuculwa ngo-2013
- ngezithuthi kubafundi abasemaphandleni abahlala kumgama oyi-5 km ukusuka kwesona sikolo sikufutshane
- ngamanyathelo okhuselo nokhuseleko kwizikolo ezikhethiweyo ngokubambisana nabahlali namanye amasebe karhulumente, oomasipala namaqumrhu ajongene nokuthotyelwa kwemithetho (*law enforcement agencies*).

Okokugqibela, iSebe iWCED liya kukusebenzisana yaye linike inkxaso onke amahlakani ethu kwezemfundo: amasebe kazwelonke namanye amasebe ephondo, oomasipala, imibutho yootitshala, imibutho yamabhunga olawulo kunye nabazali. Igalelo labo kwimfundo esemgangathweni lixatyisiwe yaye liyathakazelelwa.

ICandelo B: Inkcazo yesiCwangciso soBuchule

1. IsiCwangciso se-Schooling 2025 neeNjongo eziyi-27

Isicwangciso sezemfundo eMzantsi Afrika *iSouth African education sector plan* siqulethwe kwi-Action Plan 2014, *towards Schooling 2025*. Isicwangciso siqulethe iinjongo eziyi-27. Eziyi-13 zokuqala zimalunga neziphumo zokufunda, yaye ezinye iinjongo eziyi-14 zimalunga nokuba kunokufikelelwa njani kwezi ziphumo zokufunda.

Inkqubo yokumelwa kukuphendula ngoxanduva lwakho (*accountability system*) engqinelana nesi sicwangciso iqhagamshelene **neenjongo** zezemfundo zaseMzantsi Afrika (*South African education goals*), **izalathi** zazo, **neethagethi** zazo kunye **nezigaba esele kufikelelwe kuzo (milestones)**. Inani leenjongo liqingqiwe, izalathi zicaciswe gca yaye zinako ukulinganiselwa. lithagethi mazibe 'ziindidi' yaye kufuneka ziye ziphucula imfundo ngakumbi nangakumbi. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye zifanele ukuba zingathathwa ngokuba akusenakudlulwa kuzo. lithagethi zikazwelonke sele zimiselwe ngokubanzi kwithuba elide yaye izigaba zigxininisa ngokubanzi kwiziphumo ezinqwenelekayo (*desired achievements*) kwithuba eliphakathi (ukuya kwiminyaka emihlanu kwithuba elizayo). Kumiselwe izigaba zikazwelonke ukulungiselela iinjongo zentsebenzo 1-13. Akumiselwanga zigaba kwiinjongo 14 ukuya ku-27.

2. IMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo

IMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo (*Delivery Agreement*) yitshatha ekwafikelelwa esigqibeni ngayo ngo-2010, yasayinwa phakathi kwabanye ngaba: uMongameli, uMphathiswa weMfundo esiSiseko naBaphathiswa bamaphondo (*MECs*). Iinjongo eziyi-27 zidweliswe apha ngezantsi. **Iinjongo eziphambili ezintlanu (five priority goals)** zeMvumelwano yoKwenziwa kweeNkonzo, zethuba elifikelela ku-2014, ziboniswa ngombhalo ongqindilili.

Iinjongo **zeziphumo zokufunda** zezi:

1 ► Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lulindelekileyo kwiBakala 3.

1 ► Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika lulindelekileyo kwiBakala 6.

1 ► Ukwandisa inani labafundi kwiBakala 9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika lulindelekileyo kwiBakala 9.

4 ► Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.

5 ► Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa *imathematika*.

6 ► Ukwandisa inani labafundi beBakala 12 abapasa *iphysical science*.

7 ► Ukuphucula umndilili (*average*) wokupasa kwabafundi beBakala 6 *kwiilwimi*.

8 ► Ukuphucula umndilili wokupasa kwabafundi beBakala 6 *kwimathematika*.

9 ► Ukuphucula umndilili wokupasa kwabafundi beBakala 8 *kwimathematika*.

10 ► Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eyi-15.

11 ► Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo yophuhliso lwabantwana abasaqalayo ukufunda esemgangathweni (*ECD*) nengaphantsi kweBakala 1.

12 ► Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amabakala ukususela kwiBakala 1 - 9.

13 ► Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundo noQeqesho oluQhubekayo (*FET*) ngaphaya kweBakala 9.

linjongo zokuba kuya kufikelelwa njani na kwiziphumo zokufunda zezi:

14 ► Ukugaya kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bajoyine umsebenzi wobutitshala.

15 ► Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklasi ezinamanani amakhulu.

16 ► Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala (*professionalism*), izakhono zokufundisa (*teaching skills*) ulwazi ngezifundo (*subject knowledge*) ootitshala abanolwazi ngokusebenzisa ikhomyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.

17 ► Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala (*teacher workforce*) baphile qete, banelisekile yaye bayawuthanda umsebenzi wokufundisa abawenzayo.

18 ► Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuyo yonke imixholo neenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oqhubekayo.

19 ► Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona sethi isezantsi yeencwadi zezifundo neencwadi zomsebenzi (*minimum set of textbooks and workbooks*) ezifunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke.

20 ► Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya (*range of media*), kuqkwa neekhomyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo.

21 ► Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo zonyaka ezisisiseko (*basic annual management processes*) ziyaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle.

22 ► Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso se-*e-Education strategy*.

23 ► Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye namiselwa nguzwelonke nokuba imali isetyenziswa ngokungafihlisiyo nangendlela eyiyo (*transparently and effectively*).

24 ► Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizakhiwo zezikolo (*physical infrastructure*) nendawo engqonge isikolo ngasinye, iyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.

25 ► Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiindidi zeenkono zikarhulumente kwiinkalo ezinjengezempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso ngokwasengqondweni nasentlalweni (*psychosocial support*), ezemidlalo nezenkcubeko.

26 ► Ukwandisa inani lezikolo eziwuphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi (*inclusive education policy*) nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkono zeengcali (*specialist services*).

27 ► Ukuphucula ukwandiswa kokusetyenziswa qho nomgangatho weenkono zokubeka esweni nenkxaso ebonelelwa zii-ofisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwemfundo i-*e-Education*

3. UCazululo oluhlaziyiweyo lweeMeko eziQhubekayo

3.1 IMeko eNgqonge uKwenziwa kweeNkonzo

Umgangatho wemingeni yokufunda (*Quality of learning challenges*)

Imfundo kwizikolo eziziiprayimari: ULwimi neMathematika kumaBakala 3, 6 no-9 eNtshona Koloni


Ukususela ngo-2002 - 2009, iSebe iWCED labhalisa iimvavanyo zolwimi nemathematika kubafundi bamaBakala 3 no-6 kwiminyaka ebalwa ngokuqakatha (*alternate years*) ukwenzela ukulandelela inkqubela yabo nokufumanisa ingxaki. Ngo-2010 iSebe iWCED, lavavanya okokuqala ngqa, bonke abafundi bamaBakala 3, 6 no-9 ukuqinisekisa imeko yokufunda ulwimi nemathematika kwisikolo ngasinye kwiphondo. Eli ibilithuba lokuqala lokuvavanywa kwabafundi beBakala 9. Uvavanyo lweBakala 9 yayiliphulo lokulinga (*pilot exercise*) lokumisela uvavanyo lokwandlalela. Ngo-2011, iSebe iWCED landisa inqanaba lemingeni efuna kucingwe nzulu (*cognitive*

challenge) kwiimvavanyo ngakumbi kwiimvavanyo zolwimi, ukwenzela ukubeka eyona milinganiselo isezantsi engumzekelo emitsha kwiphondo. Kwaye kwabandakanywa kwezi mvavanyo ngokungakumbi zicatshulwa (texts) ezinde nezintsonkothe ngokungaphezulu ukwenzela ukuzenza ezi zihloko zovavanyo zibe nokuthelekiseka nezo zisetyenziswe kula manqanaba okulinganisela kazwelonke.

limvavanyo zango-2012 zanikwa izikolo ngoJanuwari 2013 yaye sele zisetyenzisiwe ekunikeni inkxaso iziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (School Improvement Plans) neethagethi zango-2013.

Iziphumo zeNkqubo yeMfundo kumaBakala 3, 6 & 9 ngo-2012 IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo						
	IBakala 3		IBakala 6		IBakala 9	
	ULwazi lokuBala	ULwazi lokuFunda nokuBhala	IMathematika	ULwimi	IMathematika	ULwimi
Ababhalayo	77 621	77 623	74 422	74 407	78 825	78 677
Abapasayo	39 975	30 195	19 647	27 456	10 957	37 922
I-% Yabapa-sayo	51.5	38.9	26.4	36.9	13.9	48.2
Umdlili (Mean)	48.9	43.7	39.5	45.1	29.2	50.7

Amanqaku eemvavanyo abonisa ukuphucuka komgangatho kumabakala omathathu kuzo zozibini izifundo, apho okona kuphucuka komgangatho kukhulu kukumanqaku ovavanyo loLwimi kwiBakala 3, ukusuka kwireyithi yokupasa engu-30.4% ngo- 2011 ukuya kwengu-38.9% ngo-2012.



ISatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Unyaka ka-2012 yayingunyaka wesihlanu weemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC). Kubekho inkxaso enkulu enikwe izikolo zaseNtshona Koloni. INTshona Koloni iphumelele ngereyithi yokupasa engu-82.8%. Ngo-2012, bekukho abaviwa abayi-4 712 ngaphezulu abapasileyo kunango-in 2011 yaye babe yi-1 104 ngaphezulu, abanokungenela isiDanga sokuQala. Ireyithi yokupasa kwiMathematika yande yaya kutsho ku-73.5% ukusuka ku-68.7% ngo-2011. Kwi-Physical Science ireyithi yokupasa ngo-2012 ibingu-70.9 %, enyuke isuka kwini elingu-65.3 % ngo-2011.

Iziphumo ii-WCED Comparative NSC results 2009 - 2012

Unyaka	Ababhalayo	Abapasayo	I-% yabapasayo	Abanokungenela isiDanga sokuQala	I-% yabanoku-ngenela isiDanga sokuQala	Izikolo ezinereyithi yokupasa <60%
2009	44 931	34 017	75.7	14 324	31.9	85
2010	45 783	35 139	76.8	14 414	31.5	78
2011	39 988	33 146	82.9	15 215	38.1	30
2012	44 700	36 992	82.8	16 319	36.5	26

ISatifikethi sikaZwelonke (Vocational)

Esi satifikethi samabanga emfundo eminyaka emithathu saqaliswa kwiiKholeji zeFET ngo-2007.

Iziphumo kule minyaka mi-3 zezi zilandelayo:

NC(V) Level	Ireyithi yokupasa ka-2010	Ireyithi yokupasa ka-2011	Ireyithi yokupasa ka-2012
2	27%	59.5%	61%
3	14.3%	51.3%	54%
4	40%	48.3%	47.6%

Amanani abemi nokwandiswa kwamanani obhaliso

Amanani abemi eNtshona Koloni akhulile ukususela kubalo-bantu lwango-2001 yaye ayaqhubeka ukukhula. Ngokwengqikelelo yamanani abantu beli akhutshwe phakathi enyakeni ngo-2011 *ngu-Statistics South Africa (StatsSA)*, iNtshona Koloni ilikhaya kubantu abamalunga ne-5 822 734 yezigidi abamele i-11 % yenani lilonke labemi boMzantsi Afrika. Inani labemi likhule ngo-by 28.7% phakathi ko-2001 no-2011.

Kubekho ukwanda kwamanani abafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.

Icandelo	2010	2011	2012	Umahluko - 2010-2012
Abafundi beBakala R kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	50 726	50 495	58 953	8 227
Abafundi bamaBakala 1-12 kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	919 936	921 776	934 992	15 056
Abafundi kwiZikolo zeeMfundo eneemfuno eziZodwa	18 292	18 878	19 470	1 178

Le theyibhile ibonisa inani elandileyo labafundi elingu-23 283 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kwiminyaka emi-3 (IBakala R - 12).

Iprogram yokulungiswa komonakalo wangaphambili

ISebe iWCED, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente nemibutho yabahlali, lidlala indima yokuthibaza ifuthe lentlupheko nolwaphulo-mthetho ekufundeni ngokubonelela ngokutya nangezinye izinto ezilinyathelo lokunciphisa intlupheko.

I-National School Nutrition Programme (NSNP) ibonelela bonke abafundi ngokutya okunesondlo yonke imihla kwizikolo zamanqanaba entlupheko 1 - 3. I-NSNP ibonelela ngeemnyu eziphekwayo nezingaphekwayo.

I-National School Nutrition Programme iya kubonelela abafundi abayi-427 500 ngokutya okunesondlo yonke imihla kwizikolo eziziiPrayimari, kwezeMfundo eneeMfuno eziZodwa nakwiZikolo eziziiSekondari ezithagethiweyo eziyi-1020. Abafundi kwiziko eziziprayimari eziyi-562 kumanqanaba entlupheko 1 - 3; kwizikolo eziyi-108 ezizisekondari kumanqanaba entlupheko 1 - 3; kwizikolo zeMfundo eneeMfuno ezizodwa eziyi-39. Inani lilonke libandakanya abafundi abakhethwe kwizikolo eziyi-311 kumanqanaba entlupheko 4 - 5. kwizikolo eziziiPrayimari neziziiSekondari.

I-NSNP iqalise ngokulinga isidlo sakusasa okweentsuku ezintathu (3) evekini (UMvulo, uLwesithathu noLwesihlanu) kunyaka-mali ka-2012/13. Isidlo sesibini sinikwa ngexesha lesidlo sasemini. Kwisidlo sasemini esiphekwayo kukho irayisi, umngqusho, i-soya mince, intlanzi ye-pilchards nemifuno. Ukutya okungaphekwayo kubandakanya isonka esinepinathibhata nejem, iziselo ezinesondlo, iziqhamo ezifreshi ezinesondlo, iziqhamo ezifreshi nemifuno.

Ithenda entsha eqala kunyaka-mali ka-2013/2014 ifuna ababoneleli-nkonzo abaza kubonelela isidlo sakusasa iintsuku ezintlanu ngeveki, kunye neentlobo ngeentlobo zeesiriyeli. Isidlo sakusasa sinikwa phambi kokungena kwesikolo size esasemini sinikwe ngo-12:30.

Amanani abaxhamlayo kule nkxaso yezentlalo ngala andelayo:

	2010	2011	2012
Abafundi abaxhamlayo kwezo zingabizi zifizi (NQ1-3)	365 112	366 259	368 226
Abafundi abaxhamla kwiprogram yesondlo (<i>nutrition programme</i>) (NQ1-3)	415 829	426 707	427 576
Abafundi abasebenzisa iskim sothutho lwabafundi	48 786	50 992	50 526

IProgram yeZikolo eziKhuselekileyo (*Safe Schools Programme*) inesicwangciso esintlantlu-ntathu (*three-pronged strategy*), ekuzezi: iZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre*), apho kunokuxelwa imiba ngemiba emalunga nobundlobongela obuqhubeka ezikolweni; ukunika iingcebiso ngokusebenzisa iZiko leeFoni kwabo bantu baxhelekileyo (*traumatised individuals*) nokhuseleko lwabo ekwenzakalisweni (*physical security*).

Iziko iSafe Schools Call Centre lifumana iifoni eziye kufikelela ku-20 000 ngonyaka. Imibuzo emininzi zizicelo zengcaciso emalunga nokuba zingasingathwa njani na izoyikiso ezithile, ingcaciso emalunga neHIV/AIDs, ukukhulelwa kolutsha olusafikisayo okanye iinkqubo zokuziphatha kakubi; eminye imalunga nohlukunyezo (emzimbeni, ngokweemvakalelo, nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi). I-Safe Schools Call Centre inika inkxaso ngokuqala ithomalalise umothuko kusetyenziswa ifoni, ize ibagqithisele abo bafuna uncedo kwiingcali ukufumana iingcebiso ngokunzulu, njengoko kuyimfuneko.

Izikolo ezitsha eziyi-50 ngonyaka zifakelwa izixhobo zokuxhasa ukhuseleko. Kubalulekile ukuba izikolo zigcinwe zikhuselekile ngokusetyenziswa kwamanyathelo okhuseleko (*physical safety measures*), ngentsebenziswano neNkonzo yaMapolisa oMzantsi Afrika naweMetro (*South African Police Services and Metro Police*), nokuthatha inxaxheba kwabahlali ekukhuseleni izikolo. Ukongeza apho, iSebe iWCED, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente no-SAPS, baya kuqhubeka ngokwenza uhlobo olungacwangciswanga (*random inspections*) nokuvavanyelwa izinyobisi nezixhobo ezikolweni.

Imeko eqhubeka kwiphondo

URhulumente weNtshona Koloni uqaphele iiNjongo zePhondo (*Provincial Strategic Objectives (PSO)*) ezili-12. ISebe iWCED lisebe elikhokelayo kwi-*Provincial Strategic Objective 2* yaye liyazixhasa ezinye iinjongo ezilishumi elinanye ngeendlela ngeendlela nangokushiya-shiyana. Ezona njongo kugxininiswa kuzo kwiSebe iWCED ngokumalunga nalo mba, yiprogram eqhutywa emva kweyesikolo ephakathi kwamasebe (*inter-governmental after school programme*), eyaBantwana aBasaqalayo ukufunda (*Early Childhood*) nayo yonke imiba emalunga nokhuseleko nempilo efana neeprogram zeziyobisi nezinye iiprogram zokunika uncedo kwezentlalo (*social relief programmes*).

I-*Provincial Strategic Objectives (PSO)* zimi ngolu hlobo lulandelayo:

- PSO 1: Ukudala amathuba okuhluma koqoqosho nawemisebenzi
- PSO 2: Ukuphucula iziphumo zokufunda zemfundo
- PSO 3: Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwinkqubo yezothutho ekhuselekileyo nesebenza ngempumelelo
- PSO 4: Ukwandisa iMpilo Qete
- PSO 5: Ukwandisa ukhuseleko
- PSO 6: Ukuphucula iiNdawo zokuHlalisa aBantu ezineenkono ezininzi neziya kuhlala zikho ixesha elide
- PSO 7: Ukwenza iinkono eziya kuhlala zikho ixesha elide ngempumelelo kwiindawo zonke
- PSO 8 & 9: Ukukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwezentlalo nokunciphisa intlupheko
- PSO 10: Ukuhlenganiswa kokwenziwa kweenkono ukuze zibe nelona galelo likhulu
- PSO 11: Ukwandisa amathuba okuhluma koqoqosho nophuhliso lweendawo ezisemaphandleni
- PSO 12: Ukwakha urhulumente wengingqi ongoyena ulawulwa ngokugqwesileyo ehlabathini.

3.2 Imeko engqonge iSebe

ISebe linenjongo yokukhuthaza umoya wokwenza inkono ngendlela yokuba kuphendulwe ngokukhawuleza iimfuno zoluntu kunye nokwenza inkono ngempumelelo kwaye nokuphucula iinkqubo neendlela zokwenza umsebenzi weSebe. UNdlunkulu nee-ofisi zezithili ezisi-8 zeSebe iWCED, zenziwe ngohlobo lokuba zinike inkono ethi iphendule ngokukhawuleza kwiimfuno zoluntu nenika inkxaso ezikolweni nakootitshala.

ISebe iWCED line-ofisi yomphathiswa wezemfundo, ephethwe nguMphathiswa wezeMfundo eNtshona Koloni, undlunkulu wephondo, ii-ofisi zezithili namaziko emfundo, kubandakanywa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo, izikolo ezineemfuno ezizodwa, iikholeji zeFET, amaziko emfundo abantu abadala namaziko e-ECD. Ikholeji zeFET namaziko emfundo oluntu achaziwe kwesi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka kodwa njengoko kucacisiwe kule mithetho ingezantsi, ulawulo lwawo lusekwisigaba sotshintsho (*transitional stage*) ngokuxhomekeka ekugqityweni kwazo zonke iinkcukacha zokutshintshelwa kwiSebe leMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Department of Higher Education and Training*).

I-oganogram iqhotyoshelwe njengesihlomelo E.

3.3. Uhlaziyo lweMithetho neZinye iziGunyaziso

a. IZikolo

UMthetho i-*Basic Education Laws Amendment Act, 15 of 2011*, waqalisa ukusebenza nge-19 Septemba 2011. Injongo yalo Mthetho phakathi kwezinye izinto, kukusingatha imiba yokusekwa kweSebe leMfundo esiSiseko nemiba enxulumene nook; ukufakela izilungiso kuMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kaZwelonke (*National Education Policy Act (NEPA)*) nakuMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*); kuMthetho weNgqesho yooTitshala (uMthetho 76 ka-1998) (*Employment of Educators Act (Act No. 76 of 1998)*);

kuMthetho weBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (uMthetho 31 ka-2000) (*South African Council for Educators Act (Act No. 31 of 2000)*) nakuMthetho i-*General and Further Education and Training Quality Assurance Act (Act No. 58 of 2001)*. Lo Mthetho ngoku ubonelela iintlobo ngeentlobo zezikolo ezineemfuno ezizodwa, imisebenzi eyongezelelweyo yeenqununu zezikolo noqeqesho lwamabhunga olawulo ngumbutho wamabhunga olawulo owaziwayo.

IMimiselo ephathelele kuLuleko, ukuNqumamisa nokuGxotha abafundi kwiZikolo zikaRhulumente eNtshona Koloni, (*Regulations relating to Disciplining, Suspension and Expulsion of Learners at Public Schools*) yabhengezwa ngokweSiquendu 63(1)(cE) soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997, (uMthetho 12 ka-1997) ebhalwe umhla we-15 Disemba 2011, *kwiProvincial Gazette Extraordinary No. 6939*, neyaqala ukusebenza nge-1 Apreli 2012.

IMimiselo ePhathelele kuTyelelo eZikolweni noVavanyo oluChaphazela iZikolo zikaRhulumente kunye neZikolo eziZimeleyo eziNikwa iNkxaso-mali (*Regulations relating to Visitation and Assessment of Public and Subsidised Independent Schools*), yaphunyezwa ngokweSiquendu 63(1)(cG) soMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997, (uMthetho 12 ka-1997) *kwiProvincial Gazette Extraordinary No. 6976*, yomhla we-29 Juni 2012. Le mimiselo imalunga novavanyo lwentsebenzo nokubeka esweni ukuthotyelwa kwayo ngokungqinelana neMimiselo neMigangatho yePhondo nekaZwelonke.

IMimiselo emalunga noKubhaliswa kweZikolo eZizimeleyo neNkxaso-mali enikwa zona (kungabandakanywa iZikolo eziziiPriprayimari eziZimeleyo) (*Regulations relating to the Registration of and Subsidies to Independent Schools (excluding Independent Pre-Primary Schools)*), yaphunyezwa ngokweSiquendu 28 no-37 zoMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997, (uMthetho 12 ka-1997) *kwiProvincial Gazette Extraordinary No. 6932*, ebhalwe umhla we-6 Disemba 2011. Isingethe phakathi kwezinye izinto, iimfuno ezingummiselo, iinkqubo zobhaliso ukubeka esweni, iinkxaso-mali, ukurhoxiswa kobhaliso nokuvalwa kwezikolo.

ISebe leMfundo esiSiseko lifakele izilungiso kwiMimiselo neMigangatho yoLwabiwo-mali yezikolo (*National Norms and Standards for School Funding*) ukususela nge-1 Apreli 2011. Izilungiso ziphethe umxholo wokubonelelwa ngengxowa-mali yokusetyenziswa (*operational funds*) kwizikolo ezingabizi zifizi kunye nembuyiselo yokuxolelwa ekuhlawulweni iifizi (*compensation for fee exemptions*) kwizikolo ezibiza iifizi (*Paragraph 170A*). Esi silungiso samva sivumela iimvavanyo ii-*Annual National Assessments* kumaBakala 3 no-6 kwizikolo zikarhulumente, ukuba zisetyenziswe ngengomlinganiselo wokujonga inkqubo yabafundi kwezo zikolo zizimeleyo ezikufaneleyo ukufumana inkxaso-mali.

INkcazo yeKharithyulam kaZwelonke (*National Curriculum Statement*) iye yacokiswa yaza yahlaziywa yayi-*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)*. I-CAPS icacisa ixesha lokufundisa lesifundo ngasinye, ikhontenti, izakhono, nezibonelelo i-*Learning and Teaching Support Materials (LTSM)* eziyimfuneko nomlinganiselo wobungakanani bamanqaku ovavanyo (*assessment weightings*) nemigqaliselo kuxwebhu olunye. I-CAPS yaphunyezwa kwiSigaba seSiseko nakwiBakala 10 ngo-2012, yaye iya kuphunyezwa kwiSigaba esiPhakathi nakwiBakala 11 ngo-2013, nakwiSigaba saBadala nakwiBakala 12 ngo-2014.

Nge-1 Apreli 2010, kwaqala ukusebenza ezinye izilungiso ezenziwe kwi-*Children's Act (Act No. 38 of 2005)*. NgokweSiquendu 196 (3) se-*Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)*, ezo zikolo zorhwebo nezo zokulungisa izimilo (*schools of industry and reform schools*), eziluxanduva lweSebe leMfundo lephondo njengangoku, ziba luxanduva lweSebe loPhuhliso lwezeNtlalo (*Department of Social Development*), kwiminyaka emibini siqalile ukusebenza isahluko esichaphazelekayo kulo Mthetho.

b. IiKholeji zeFET nezeMfundo yaBadala (*Adult Education.*)

Kwasekwa iSebe i-*Department of Higher Education and Training (DHET)* ngoMeyi 2009 ngenjongo yokuba liya kuba lilo ekugqibeleni eliya kujongana namaziko emfundo ephakamileyo, iikholeji zeFET, iiSETAs naweMfundo yaBadala noQeqesho (*Adult Education and Training (AET)*). I-DHET namasebe emfundo amaphondo asayine imvumelwano i-*protocol of agreement* engokutshintshwa nokuphathwa nokulawulwa kwazo okwethutyana ezi Kholeji zeFET yaye i-DHET icele amaphondo ukuba anyule iikomiti ii-*technical task teams* ukulungiselela ukulawula ukutshintshwa kwemisebenzi emalunga neeKholeji zeFET ibe phantsi kozwelonke.

UMthetho i-*Higher Education and Training Laws Amendment Bill, 2010, (Act 25 of 2010)* wapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 33853 nge-7 Disemba 2010. Ufakela izilungiso kuMthetho iFET Colleges Act ka-2006 nakuMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala, 2000, uMthetho 52 ka-2000 (*Adult Basic Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)*), ukulungiselela ukuqeshwa kootitshala kumaziko oluntu ngokufakela imigaqo malunga nabaqeshi bootitshala, imivuzo neminye imiba yemeko yezengqesho zootitshala (*other conditions of service of educators*), amanani ezithuba ezabelwe ootitshala, amagunya abaqeshi, ukuqeshwa nokuzaliswa kwezithuba zengqesho, ukutshintshwa kootitshala basiwe kwamanye amaziko (*the transfer of educators*), ukusekondwa kootitshala, ukuthatha umhlalaphantsi kootitshala, ukugxothwa enkonzweni kootitshala, ukungakwazi ukusebenza (*incapacity*) nokuziphatha kakubi (*misconduct*) kootitshala nokwenza eminye imisebenzi ngootitshala. Ukwabonelela phakathi kwezinye, ngamalungiselelo ethutyana (*transitional arrangements*) ngokumalunga namaziko oluntu; ukwenza amalungiselelo okumiselwa komgaqo-nkqubo wezemfundo kazwelonke wamaziko karhulumente, wokubonelela ngemigaqo eyimiyalelo yomgaqo-nkqubo wezemfundo kazwelonke, wokulungiselela uthetha-thethwano ngomgaqo-nkqubo nemithetho, wokulungiselela upapasho lomgaqo-nkqubo wemfundo kazwelonke nokulungiselela ukubeka esweni nokuvavanywa kwemfundo noqeqesho lwabadala; nokubonelela ngokumiselwa kwemigangatho ngokumalunga namabanga emfundo abonelelwa ngamaziko karhulumente nawabucala.

UMthetho i-*Further Education and Training Colleges Amendment Act, 2012 (Act 3 of 2012)*, waqalisa ukusebenza nge-3 Meyi 2012, yaye ufakela izilungiso kwi-FET Colleges Act of 2006 (*Act 16 of 2006*). UMphathiswa weMfundo ePhakamileyo noQeqesho (*Higher Education and Training*) wawumisela kwiSaziso sikaRhulumente No. 367, esapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 35336, yomhla we-11 Meyi 2012, ukuba eminye imigaqo ye-*Further Education and Training Amendment Act, 2012 (Act 3 of 2012)*, iya kuqalisa ukusebenza ngomhla wokusayinwa kwayo nguMongameli (11 Meyi 2012 njengomhla weSaziso nguMphathiswa) ngaphandle kweZiqendu 11, 12, 13, 14, 28(3) no-32(b).

ISiqendu 14 sijongene nezemali ezinxulumene nokwabiwa kweeGranti eziKhutshwa ngokweMiqathango (*Conditional Grant*), yaye iZiqendu 11, 12, 13, 28(3) no- 32(b) zijongene nokutshintshwa kwabasebenzi ukususwa kuMasebe eMfundo aMaphondo (*Provincial Education Departments*) ukuya kwi-DHET ngokuxhomekeke kwimigaqo yesiqendu 197 soMthetho wezoBudlelwane eMsebenzini, 1995 (uMthetho 55 ka-1995). Ezi nkqubo mazigqitywe phambi kokuba kuqale ukusebenza kweziqendu ezichaphazelekayo ngomhla oya kumiselwa nguMphathiswa ngeSaziso kwiGazethi kaRhulumente.

Ekuqaleni kuka-2011, iikholeji zeFET zagunyaziswa ukuba ziqalise kwakhona i-*Report 191 Programmes* zobunjini ezimalunga nee-*trades at levels N1-N3* nokuqalisa kwakhona zonke ii-*Report 191 Programmes kwi-levels N4-N6*. Ngenxa yoko, amanani obhaliso kwezi program abonisa ukwanda.

Imimiselo i-*Norms and Standards for the funding of FET Colleges* yaphunyezwa ukususela nge-1 Apreli 2010. Imimiselo nemigangatho isekelwe kwiindleko zokubonelela nge-*National Certificate: Vocational Programmes*. Iformula yeengxowa-mali inamacandelo amathathu angala: *personnel, capital ne-non-personnel/non-capital*. Ukuhlawulwa kweemali kwiikholeji zeFET kwenzeka ngendlela yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango, ngeentlawulo zemali zaqho ngenyanga.

Imimiselo i-*Regulations relating to the Minimum Requirements for the Constitution of a Governing Body of a Public ABET Centre*, yapapashwa ngokwesiqendu 8(7) soMthetho weMfundo noQeqesho lwaBadala (uMthetho 52 ka-2000) (*Adult Education and Training Act, 2000 (Act 52 of 2000)*), kwi-*Provincial Gazette Extraordinary No. 6952*, yomhla we-23 Februwari 2012. Ibonelela phakathi kwezinye, ngokwakhiwa, iintlanganiso nonyulo nokutshitshiswa kwebhunga lolawulo leziko loluntu le-ABET (*public ABET centre*).

4. Amaphulo ongenelelo ngoncedo acwangcisiweyo neeprogram

4.1. IiPrayorithi zeBhajethi zamaCandelo

Iincwadi zomsebenzi zikazwelonke

Uqwalaselo lwekharithulam kwakhona ngo-2009 luhlabe ngamandla iingxaki ootitshala abahlangana nazo ekulawuleni isantya sokufundiswa kwekharithulam (*pace of curriculum delivery*). Ifuthe lesantya esicothayo nokungakwazi ukufikelela ngokwaneleyo kwizibonelelo zokufundisa ezikolweni kube ngumba okubhalwe ngawo kakhulu kumaphepha ophando. Ukuphendula lo mngeni, kwenziwe kwaza kwaveliswa iincwadi zomsebenzi zikazwelonke. Ngo-2010, kwathunyelwa lisebe likazwelonke iipasela zezibonelelo zeBakala R kwizikolo zikarhulumente ezifundisa eli bakala, njengenxalenye yeprogram eya kujongana nokusiwa qho ngonyaka kwezi zibonelelo ezikolweni. Iipasela yezibonelelo inencwadi yomsebenzi yomfundi ngamnye (enendidi zezifundo) nezibonelelo ezifana neetshathi neencwadi zamabali ukulungiselela ootitshala. Ngo-2011, kwaqaliswa iincwadi zomsebenzi zamaBakala 1 - 6 kwizifundo zeelwimi nakwimathematika. Ngo-2012, iincwadi zomsebenzi zemathematika zabonelelelwa kumaBakala 7 - 9 nezo nguqulelo zihlaziyiweyo zeencwadi zomsebenzi zamaBakala 1 - 6, zasiwa nazo. Iincwadi emazithengwe ngo-2013 zidweliswe apha phantsi ko-4.2.

Iphulo leencwadi zomsebenzi liphulo longenelelo ngoncedo ekulindeleke ukuba libe ligalelo elikhulu ekufundeni nasekufundiseni eziklasini. Kuya kuqhutywa uphando ngokusetyenziswa kweencwadi zomsebenzi ezikolweni kuze kuvavanywe negalelo lazo kwimfundo esemgangathweni.

IiNkcazo zoMgaqo-nkqubo weKharithulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)*)

I-CAPS yaqulunqelwa amaBakala R - 12 ngenjongo yokucacisa ikhontenti yezifundo (*subject content*) emayifundiswe nokuba kuqhutywe njani na ukucwangcisa, ukufundisa nokuvavanya. Kubalulekile ukugxininisa ukuba iCAPS ayimele ikharithulam entsha, koko iyingcaciso yekhontenti eneenkcukacha ezibanzi, isantya sokufundisa nolandelelwano ngokungqinelana ne-NCS. I-CAPS iqaliswa ngezigaba ngezigaba kwithuba elisusela ngo-2012 ukuya ku-2014. Iinguqu eziphambili ezibangelwe yi-CAPS zezokuba kufuneka kuphungalwe umthwalo wemisebenzi yezolawulo kootitshala, inkcazo ecace gca yekhontenti yezifundo neendlela ezithe nkqi zokufundisa nezovavanyo (*strong teaching and assessment methods*). Ezi ziinguqu ezibalulekileyo yaye okulindelekileyo kukuba ziya kukulungiselela bhetele ukufundisa nokufunda zize ngaloo ndlela zenze bhetele ngakumbi iziphumo zokufunda. Ngo-2012, iinguqu kwiikharithulam zaqaliswa kwiBakala R - 3 neBakala 10. Ngo-2013, uphunyozo luya kunabela kumaBakala 4 - 6 no-11. Ngo-2013 ootitshala bamaBakala 7- 9 neBakala 12 baya kufumana uqeqesho kuphunyezo lwe-CAPS ngo-2014.

Uqeqesho kwi-CAPS lugxininisa ukuba iCAPS, iincwadi zomsebenzi nee-ANA ziyahlanganiswa yaye zijolise ekuphuculeni ukufunda. Kwiminyaka ezayo, iSebe iWCED liya kubonelela ngenkxaso kootitshala kuphunyezo lweCAPS.

Iimvavanyo ii-Annual National Assessments (ANA)

Zonke izikolo ziyacelwa ukuba zibhale iimvavanyo ezicwangciswe ngokwamaBakala zoLwimi neMathematika. Oku kuyinxalenye yesicwangciso secandelo lezemfundo: *Action Plan to 2014: Towards the Realisation of Schooling 2025*. Ngo-2011 kuphunyezwe ngokupheleleyo inkqubo yovavanyo kazwelonke yokuqala kwizikolo ezikwinqanaba leprayimari eMzantsi Afrika. Ngo-2012, iisethi ezintathu zamaphepha emibuzo ayimizekelo zathunyelwa ezikolweni ukubonisa ootitshala iindlela ezahlukeneyo zokubuza imibuzo. Iimvavanyo zabhalwa ngoSeptemba kwiimeko eziphantsi kweliso elibukhali kuzo zonke izikolo. Izikhokelo zokumakisha okanye iimemoranda zenziwa zafumaneka yaye iimvavanyo zamakishwa ngootitshala abachaphazelekayo kwizikolo ngasinye. Kwaqaliswa iinkqubo zolawulo ukuqinisekisa ukuba ukumakishwa kuse mgangathweni. Amanqaku abafundi afakwa kwiziko ledatha (*central database*) ukubonelela ngengcaciso ebanzi yeestim ngokuphumelela kwabafundi. Ngo-2013, iimvavanyo ziya kuqhubeka ngoSeptemba.

Uphuculo lweziseko zophuhliso

Ngonyaka-mali ka-2011/12 kubekho utshintsho kwindlela okuqhubeka ngayo ukuxhaswa ngemali kophuhliso lweziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo kwinkqubo yesikolo. Okokuqala, isixa esikhulu senkcitho yeziseko zophuhliso ezikolweni sifakwe phantsi kwebhajethi yeSebe leMfundo esiSiseko, laza eli sebe lathatha imisebenzi emitsha yokucwangcisa neyokubeka esweni. IGranti yeZiseko zoPhuhliso kumaPhondo (*Infrastructure Grant to Provinces*), ngokungakumbi eyabelwa ibhajethi nguNondyabo kaZwelonke, yafikelela esiphelweni ngo-2010/11 yaza indawo yayo yathathwa yi-*Education Infrastructure Grant*.

4.2. Izicwangciso zePhondo

ISebe iWCED liya kuqhubeka ukomeleza nokuzinzisa amaphulo aphambili aqatshelwe kwi-*Strategic Plan (2010-2014) ne-Provincial Strategic Objective*, ukuya kufika ku-2019. Ezi zicwangciso, ziya kuqinisekisa ukuba siyaphunyeziwe isiCwangciso sikazwelonke i-*national Action Plan esiya kutsho ku-2025*.

IiTekhsti, kubandakanywa iincwadi zomsebenzi zikazwelonke

Ngo-2013, kuya kunikwa abafundi bamaBakala R, abamaBakala 1-3 iincwadi zomsebenzi (IZakhono zoBomi, iMathematika, uLwimi lwaseKhaya nesiNgesi uLwimi loKuqala oloNgezelelweyo); abamaBakala 4 - 6 (uLwimi lwaseKhaya nesiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo), abamaBakala Grades 4 - 9 (iMathematika kwisiNgesi nakwisi-Afrikansi). Kuya kubonelelwa ngeencwadi zezifundo ze-*Physical Sciences* ne-*Mathematics* kwiBakala 11 nangeze*Natural Sciences* ne-*Technology* kumaBakala 4 - 6. Ukusetyenziswa kweencwadi zomsebenzi kuxhaswa yaye kubekwe esweni ngamagosa yaye kulandelelwa ngeprogram i-*School Improvement Monitoring programme*.

ISebe iWCED lizimisele ukubonelela ngenani elikhulu leencwadi ukuxhasa ukufundisa nokufunda okusemgangathweni. Iimali eziphawulelwe le njongo zibekelwe bucala ukulungiselela oku, ukongeza kwimali ezabiwa ngokwemimiselo nemigangatho qho ngonyaka. Ngo-2013, iSebe iWCED liya kuthenga iincwadi zezifundo ezisithoba zomfundi ngamnye kwiSigaba saBadala nezisixhenxe kwiBakala 12, nezinxulumene nokuqaliswa kwe-CAPS kula mabakala. Izikolo ziya ku-odola iincwadi zoncwadi zazo kwisabelo sazo semimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali.

ISebe iWCED liya kubonelela kwakhona ngezibonelelo zokufundisa ngo-2013 zootitshala nezabafundi ukunika inkxaso iprogram yoqeqesho kuLwimi nakwiMathematika yeminyaka esi-8. Esi sibonelelo sibandakanya iincwadi zokufunda zamabakala 1 - 3 nee-*core readers* zamabakala 4 - 6 kwakunye neencwadi zesifundo seMathematika nezinye izibonelelo kwizikolo eziyinxalenye yeprogram.

Isikhokelo semimiselo nemigangatho seSebe iWCED sicebisa ukuba ngaphezu kwe-50% yesabelo sisonke sezibonelelo kufanele sibekelwe ukuthenga i-LTSM, ize i-10% yayo igcinelwe izibonelelo zaselayibrari. Isikhokelo sikwacacisa nokuba umfundi ngamnye makabe nencwadi yesifundo ngasinye nokuba istokhwe seencwadi nezibonelelo zelayibrari kufanele sandiswe qho ngonyaka de inani lilonke leencwadi libonise umgangatho wamazwe ngamazwe ongowona usezantsi (*minimum international standard*) wezili-10 ngomfundi ngamnye.

Ukubonelelwa ngeencwadi kuxhaswa ngumgaqo-nkqubo wokugcinwa kweencwadi ixesha elide (*book retention policy*) ukuqinisekisa ukuba abafundi bayazibuyisa iincwadi zabo ekupheleni konyaka wokufunda ukuze iincwadi ziphinde zisetyenziswe kwakhona qho minyaka le.

Amanyathelo okomeleza ikharithulam ukuxhasa i-Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS)

Ngo-2013 ngokuqaliswa kwe-CAPS kumaBakala 4-6 nakwiBakala 11, amagosa aya kugxininisa ekuqinisekiseni ukuba ootitshala bayayazi yonke imiba yokufundiswa kwekharithulam ehlaziyiweyo ngokuyimpumelelo. Oku kubandakanya ukugxininisa kwikhontenti, ukumisela isantya sokufundisa, ukuhlangabezana nemigangatho eyimfuneko novavanyo. Ziza kwanda iiyure zokufundisa kwikharithulam ehlanga-hlengisiweyo. Ukongeza apho, isantya sokufundisa nekhontenti yeprogram yokufundisa zicaciswa gca ngeenkukacha ezibanzi. Ukugxininisa okukodwa kuya kuba kubafundi ekufuneka babhale iziqwengana ezide zemisebenzi.

Ngo-2013, iSebe iWCED liya kuqeqesha ootitshala bamaBakala 7 – 9 nabeBakala 12, ukulungiselela ukuqalisa i-CAPS kula maBakala ngo-2014. Oku kuya kuba luhlobo lweeprogram zoqeqesho zeentsuku ezi-3 ngeeholide kubo bonke ootitshala kumaBakala 7 – 9. Ootitshala beBakala 12 baya kuba neprogram yoqeqesho kwizifundo ezithile kwiiprogram zeempelaveki.

Zonke iikhosi neeprogram zenkxaso, umzekelo ezo ziqhutywa e-Cape Teaching and Learning Institute, ziya kusebenzisa amaxwebhu eCAPS. Uqeqesho lo gama usenkonzweni nophuhliso lootitshala luya kwenzelwa e-CTLI nakwiiyunivesiti ezine ezigxininisa kwiilwimi nakwi-Mathematics ne-Sciences.

Ngo-2009 iSebe iWCED liqalise uqeqesho lweminyaka esi-8 nesicwangciso senkxaso ukuxhasa uphuhliso loLwimi neMathematika. Olu qeqesho lubonelelwa ngababoneleli-nkonzo, lolotitshala kumaBakala 1 – 6.

Unyaka 1 (2009): izikolo eziyi-250 zokuqala	IQela 1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwiMathematika ngeholide kaJuni IQela 2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwimi ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Unyaka 2 (2010): izikolo eziyi-250 kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 1 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwimi ngeholide kaJuni IQela 2 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwiMathematika ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Unyaka 3 (2011): izikolo eziyi-250 zesibini	IQela 3 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwiMathematika ngeholide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwimi ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Unyaka 4 (2012): izikolo eziyi-250 zeqela lesibini kunyaka wesibini woqeqesho	IQela 3 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kuLwimi ngeholide kaJuni IQela 4 (izikolo eziyi-125) Uqeqesho kwiMathematika ngeholide kaJuni Inkxaso eqhubekela ezikolweni (izikolo eziyi-250) lincwadi zokufunda neLTSM (izikolo eziyi-250)
Le ndlela yokwenza iya kuphindwa iminyaka emi-5 ukuya kwesi-8, o.k.t. phakathi ko-2013 no-2016, ukwenzela ukuba zonke izikolo zaseprayimari ziqeqeshwe yaye zinikwe inkxaso kwizikum zokufunda nezibonelelo zokufunda kwithuba leminyaka esi-8	

Ngo-2013, iSebe iWCED liya kukhuthaza ukuthatha inxaxheba kwabazali ekuphuculeni iziphumo zokufunda. Umbuzo ongundoqo uya kuba ngulo “Ngaba umntwana wakho ukhe wafunda, wabhala waza waprekhtiza i-maths namhlanje?” ISebe iWCED likwahambise iincwadana zabazali babafundi beBakala 1 nezicacisa ukuba ungamxhasa njani na umntwana wakho kunyaka wakhe wokuqala esikolweni.

Njengexalenye yenkxaso yeCAPS, isiCwangciso iStrategy for Mathematics and Physical Sciences for Grades 8 – 12, siya kuqalisa ukusebenza ngo-2013. Iinjongo zaso zezi: ukwandisa iireyithi zothatho-nxaxheba kwi-Mathematics ne-Physical Sciences kwiBakala 10 – 12, ukwandisa inani labapasa i-Mathematics ne-Physical Sciences kwiBakala 12 nokuphucula umgangatho wabapasileyo kwiBakala 12, nokuphucula umgangatho wamanqaku angumndilili (average scores) aphuculweyo kunye/okanye amanani abafundi abafumene iisimboli A, B no-C. Esi sicwangciso siya kugxininisa kwinkxaso yezikolo ngokwahlukeneyo; kuqeqesho lootitshala, inkxaso kubafundi; iincwadi zezifundo, izixhobo nokubeka esweni novavanyo.

IProgram yokuPhucula iZikolo eziPhakamileyo yeSebe iWCED (WCED High School Improvement Programme) enjongo yayo ikukwandisa amanani abafundi abapasa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nokunciphisa inani lezikolo ezingaqhubi kakuhle. Le program inenkqubo ngokwahlukeneyo yezikolo eziphakamileyo kwiphondo, nenkxaso eqala kwelona nqanaba lisezantsi ukuya kwelona nqanaba liphezulu, yaye kugxininiswa kwisikolo siphela kwezo zikolo zipaselwe ngabafundi abangaphantsi ko-60% kunyaka ongaphambili. Kucacile ukuba iprogram egxininisa kuphela kwiBakala 12 okanye kumaBakala 10 – 12 ayanelanga ukuba ijongane nemiba yokuqhuba kakubi kwabafundi. Ngenxa yeso sizathu, iprogram ka-2013 iya kubandakanya kwakhona onke amabakala ezikolo eziphakamileyo, kugxininiswa ngakumbi kumaBakala 8 no-9 kwimiba efana nokukhetha izifundo, imfuneko yokuhamba isikolo rhoqo nokugqiba zonke ii-asayinimenti kumaBakala 10 – 12 ngeendlela zokufunda nokufikelela kuyo yonke ikharithyulam.

Ugxininiso lolawulo oluphambili ngo-2013 luya kuba sekwandiseni kangangoko ixesha lokufundisa nokufunda. Oku kubandakanya ukusetyenziswa ngokuyimpumelelo kwazo zonke iiyure zokufundisa ngosuku nokunciphisa ixesha elichithwa kwiimvavanyo nakwiimviwo.

Ngo-2013, iProgram yeZikolo eziPhakamileyo (High School Programme) iya kwakhela kucazululo olunzulu lweziphumo zeBakala 12 lwesikolo ngasinye; ukwenziwa nokuphunyezwa kwesicwangciso malunga neziphumo zango-2012, kubandakanywa nokuqaphela izifundo ezizodwa ezinereyithi ephakamileyo yokungapasi kwabafundi, ukubekwa nokucaciswa kweethagethi ezahlukenisiweyo zeemviwo zeNSC ezizayo. Iizithili zemfundo ziya kumisela iprogram yokufundisa (tutoring programme) kwizifundo ezinamanani obhaliso aphezulu. Umfundi ngamnye uya kunikwa iphekhi yamaphepha eemviwo zexesha elidlulileyo. Incwadana i-“Tips for Success in NSC” yanikwa umfundi ngamnye weBakala 9 no-12 ekuqaleni kuka-2013.

Iiklasi ezongezelelweyo ziya kwenziwa emva kwemini / ngeempelaveki / ngeeholide apho abacebisi bezifundo nootitshala baya kunika inkxaso ejolise kanye kwizifundo ezithile. Le nkxaso ibandakanya iinkqubo zokumisela umgangatho neeprogram zerediyo. Iprogram iTelematics programme iya kusasazwa ngqo yaye kufundiswe kuyo izifundo ezinamanani obhaliso aphezulu kwizikolo ezikhethiweyo eziyi-147.

Izikolo ezizimeleyo ezikhethiweyo nezikolo zikarhulumente ziyatyelelwa oko kusenziwa okokoko ukunceda ootitshala ekusetheni imisebenzi yeprekhtikhali yomgangatho owamkelekileyo nemisebenzi yovavanyo ii-School Based Assessment tasks yabafundi kumaBakala 8 – 12.

Iimvavanyo ii-Annual National Assessments

Ngo-2012 ii-Annual National Assessments zabhalwa ngabafundi abayi-605 322 kumaBakala 1 – 6 no-9. Lo ibingunyaka wokuqala kuvavanywa iqela liphelele labafundi beBakala 9. Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo eziyi-57 ezizimeleyo eNtshona Koloni, zathatha inxaxheba kuvavanyo lukazwelonke.

Zonke iimvavanyo zamakishelwa ezikolweni phantsi kweliso lekomiti yolawulo yesikolo. Ukuqinisekisa ukuba ukumakisha kuyangqinelana kuzo zonke izikolo kwiphondo, isampula yeencwadi zeempendulo ezintathu ngekasi nganye kwisikolo ngasinye kumaBakala 3, 6 no-9 zamakishwa kwakhona kumaziko okumakishela amahlanu eNtshona Koloni.

Iziphumo zeemvavanyo zango-2012 zakhutshwa ngo-Januwari 2013 zanikwa izikolo *nge-Centralised Education Management Information System (CEMIS)*. Isikolo ngasinye safumana iziphumo zaso, iziphumo zesekeethe, ezesithili semfundo nezephondo. Ezi ziphumo, kunye neprogram yovavanyo yephondo, ziya kunceda ekufumaneni iingxaki nasekulandeleleni inkqubela kwiilwimi nakwimathematika ezikolweni. Iprogram yovavanyo yomeleza ugxininiso ekubeni kuphendulwe ngokuqhubekayo kwakunye nemfuno yokufundisa okusemgangathweni ukulungiselela ukufunda okusemgangathweni.

Ezi ziphumo ziyibeka iNtshona Koloni njengephondo elikhokelayo yaye zabanisa ukuphucuka komgangatho ngolu hlobo lulandelayo:

	WCED 2011 Ulwimi	WCED 2012 Ulwimi	KuZwelonke ngo- 2012 Ulwimi lwaseKhaya	WCED 2011 iMathematika	WCED 2012 iMathematika	KuZwelonke ngo- 2012 iMathematika
IBakala 1	67	61	58	66	70	68
IBakala 2	55	60	55	58	62	57
IBakala 3	46	57	52	36	47	41
IBakala 4	42	55	43	35	46	37
IBakala 5	39	51	40	35	39	30
IBakala 6	43	50	43	41	33	27
IBakala 9	n/a	48	43	n/a	17	13

Ii-Annual National Assessments ziya kuqhubeka ngoSeptemba 2013.

Iziseko zophuhliso

Isicwangciso seziseko zophuhliso seSebe iWCED ukususela ngo-2009 saqaphela saza sagxininisa kwezi nkalo ziziprayorithi zophuhliso zilandelayo:

- Ukusetyenziswa kweeklasi ezingasetyenziswa ngokupheleleyo kwizikolo ezikhoyo
- Ukwakha iiklasi ezintsha kwizikolo ezikhoyo ukuphelisa ingxinano
- Ukwakha izikolo ezintsha, kubandakanywa nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, ukuphelisa uxinzelelo kwindawo yokufundela
- Ukutshintsha izikolo ezikhoyo okanye iiklasi ezazakhiwe ngezinto zokwakha ezingekho mgangathweni
- Ulondolozo nolungiso
- Ukubonelela ngeeklasi zeBakala R
- Ukuphononongwa kwakhona kokuqeshisa ngezakhiwo zesikolo

Ukongeza koku kungentla, ukwakhiwa nokusetyenziswa kweeklasi ezizimobhayili kusoloko kubalulekile ukulungiselela ukubonelela ngendawo yokufundela kwiimeko zeemfuno ezingxamisekileyo nebezingalungiselelwanga ngokwebhajethi (*urgent and unscheduled needs*).

Iprojekthi ebalulekileyo kukutshintsha izikolo ezakhiwe ngezinto zokwakha ezingekho mgangathweni ngeli thuba le-MTEF. Ngethuba le-MTEF 2013/14 – 2015/16 zilishumi elinesixhenxe (17) izikolo eziya kutshintshwa. Iphulo lokutshintsha izikolo ezixagxisekileyo linikwe inkxaso yiDBE ngesabelo senkxaso-mali (R934 461m izigidi), ukutshintsha izikolo eziyi-25. Iphulo elitsha libe yiprogram yokwandisa iiklasi apho iiklasi ezongezelelweyo (*additional classroom wings*) zakhelwe ukwandisa izikolo ukwenzela ukuba kubhaliswe abafundi abangaphezulu ngendlela eyonga iindleko. Iprogram yokwandisa izikolo iya kuqhubeka ukuncedisana neprogram yokulungisa le meko apho kuthi kwakhiwe iiklasi kwisigaba sesiseko kwizikolo ezinengxaki yendawo yokufundela ngenxa yengxinano.

Yonke idatha engezikolo kwiphondo kwiziko ledatha iNational Education Infrastructure Management System (NEIMS) database, ethe yaqokelelwa ngumboneleli-nkonzo otyunjweyo, ingeniswe kwi-DBE. Yakuba ifakiwe le datha kwisistim, kuya kususelwa kuyo ukwenza izicwangciso zophuhliso ezizezinye. Ukuthathela ingqalelo ukungasetyenziswa ngokupheleleyo kweeklasi kwizikolo ezikhoyo, ukusetyenziswa ngeyona ndlela inenzuzo enkulu kweehostele nokunciphisa ingxinano ezikolweni, yonke yimiba ephambili kwiiprayorithi zeSebe iWCED.

Izicwangciso zeziseko zophuhliso zango-2013/14 zisekelwe ikakhulu kucazululo oluphuculwe ngamandla (*substantially improved analysis*) lohlobo omalulandelwe lokubonelelwa kweziseko zophuhliso (infrastructure provision). Isicwangciso i-User Asset Management Plan (U-AMP) siqalisa ngocazululo lweendawo i-spatial analyses kwiimeko eziziintlobo ngeentlobo kwakunye nokujongiswa kweemfuneko zeziseko zophuhliso kwinqanaba lamazikwana amancinci (iindawana ezikwiisekethe). Ucwangciso oluphuculweyo lwenziwe lwakho ngokuphuculwa kweziseko zophuhliso kwezemfundo lwe-geographic information system (GIS) kunye nokujongiswa kweendawo ezingamazikwana amancinci neendlela zocwangciso ezintsha.

Ukusetyenziswa kwe-WCED Infrastructure Planning Guidelines kwiprojekthi elingwayo e-Cape Winelands Education District (nethe kamva yasetyenziswa kwezinye izithili zemfundo ezisixhenxe) ngokusebenzisa iGIS, kubenesiphumo sokujongiswa ngakumbi kweendawo ebezisalele (*detailed backlog assessments*) okwenziwe kwimimandlana (*geographic sub-areas*) yeesekeke, ethe yadityaniswa kwinqanaba lezithili kwaza ekugqibeleni kwenziwa isishwankathelo kwinqanaba lephondo. Isishwankathelo sephondo sezikolo ezingagqitywangwa (*backlog summary*) siboniswa apha ngezantsi. Kukho iindidi ezine zeentlobo zezikolo, ekuzezi: *Small, Medium, Large and Extra Large (S, M, L & XL)*.

Iiprogram/iiprojekthi	Cape Winelands	Metro North	Metro East	Metro Central	Metro South	Eden & Central Karoo	West Coast	Overberg	Province:
Iiprayimari ezintsha (S, M, L, XL)	1XL	3XL	1L, 3XL	1L	2XL	1S, 2L, 1XL	1L	1XL	1S, 5L, 11XL
Izikolo eziPhakamileyo ezitsha (S, M, L, XL)	3L, 3XL	2XL	1L, 5XL	1L	0	3XL	2M, 1S	2XL	1S, 2M, 5L, 15XL
Izikolo ezihlanganisiweyo ezingafuni kulungiswa	5	8	0	27	0	3	7	5	55
Izikolo ezihlanganisiweyo ezifuna ukulungiswa	2	5	0	0	0	1	0	0	8
Izikolo ezingasetyenziswa ngokupheleleyo	65	7	0	9	11	58	19	10	179
Izikolo ezitsha kwifasilithi ezikhoyo	2	3	1	0	1	0	0	0	7
Ezihlaziyeziweyo nezandisiweyo	2	11	1	5	4	5	0	0	28
Ezitshintshwayo	14	8	8	10	16	17	12	10	95
Iiklasi ezongeziweyo	21	25	17	0	17	20	12	4	116

Ittheyibhile: Ezingagqitywanga /iimfuno ngokwezithili nakwiphondo lilonke

Lo gama usemninzi umsebenzi ongekenziwa, awukho mkhulu kangangokuba bekucingwa. Ezolondolozo nezitshintshwayo kwezi zingekagqitywa kufuneka zongezwe kolu qikelelo lulapha ngentla. Uphando (olwenziwa yi-Western Cape Department of Public Works) ngeemfuneko zobude bomjikelo wolondolozo (*lifecycle maintenance requirements*) lwezikolo zeWCED, lubonisa ukwanda kweemfuno zolondolozo.

Ngokususela kujongisiso lwemeko ekhoyo ngoku yeziseko zophuhliso, iimfuno zeziseko zophuhliso eziqikelelwayo neminye imba enokuthathelwa ingqalelo, iinkalo eziphambili emakujoliswe kuzo zezi:

1. ISebe iWCED kule minyaka mi-5 ukuya kweli-10 liya kwakha izikolo ezitsha yaye landise ukugxininiswa kolondolozo
2. Ukuphucula ungqinelaniso phakathi kwenani elifikelelwayo kwinkcitho kunye nobungakanani benkcitho yeziseko zophuhliso. Okwangoku bambalwa kakhulu abafundi abazuzayo kwinkcitho yeziseko zophuhliso.
3. Ukuqinisekisa ukuba isikolo ngasinye kwiphondo sikhangeleka kakuhle kwithuba leminyaka emithathu ukuya kwiminyaka emihlanu.
4. Ukuqaliswa kolawulo lobude bomjikelo wolondolozo lwesikolo (*Lifecycle maintenance*).
5. Ukulungisa iindlela ezingafanelekanga zokusetyenziswa kweefasilithi zezikolo ngokusebenzisa inkqubo ye-rationalisation and consolidation.
6. Ukwandisa iifasilithi ezinokufaka abafundi abangaphezulu. Kwiindawo ezininzi ezisezidolophini, kwezinye zeendawo zazo ezithile ezingqongileyo, sele luvakala ngamandla uxinzelelo lwamanani obhaliso, oluzibonakalisa ngokusetyenziswa ngokugqithisileyo kakhulu kwezakhiwo nengxinano. Uxinzelelo ngamandla lwamanani obhaliso olulolu luhlobo, lufuna lusingathwe njengomba oyiprayorithi kakhulu ngokuthi kusetyenziswa iintlobo ngeentlobo zezicwangciso ezibandakanya ukususwa kwabafundi abaninzi ngokugqithisileyo basiwe kwizikolo ezikufutshane apho kukho indawo; ukwandiswa kwendawo yokufundela efumanekayo yeeklasini ezikolweni eziphantsi koxinzelelo okanye kwizikolo ezikufutshane; nokwakha izikolo ezitsha kuphela xa kuyimfuneko.

Ulwabiwo lwebhajethi ngeli thuba le-MTEF lucaciswa kule theyibhile ilapha ngezantsi. Oku ke kukhokelela ekubeni ithuba lotshintsho olukhulu kulwabiwo-mali luchaphazela ngakumbi eli thuba le-MTEF lika-2013/14. Kwiminyaka engaphaya kweli, (2014/15 no-2015/16) kukwenziwe utshintsho olukhulu ngakumbi.

IsiShwankathelo i-User-Asset Management Plan Budget Summary						
Isikolo-iPrayimari/iSekondari/Esemfuno zemfundo ezizodwa; isakhiwo solawulo; amanzi; umbane; ucoceko/igumbi langasese; ukubiywa njalo.njalo.	Ibhajethi ka-2013/ 2014	%	Ibhajethi ka-2014/ 2015	%	Ibhajethi ka-2015/ 2016	%
	R'000		R'000		R'000	
Ukwandisa kweeklasi	27,600	2%	23,267	3%	33,514	3%
Ezihlaziwayo nezongezwayo	38,381	3%	4,000	0%	18,301	2%
Iiklasi zeBakala R	37,999	3%	33,610	4%	31,000	3%
Izikolo ezitshintshwayo/iiklasi	707,501	55%	138,688	17%	167,021	16%
Izakhiwo zee-ofisi	9,893	1%	15,390	2%	16,000	2%
Abasebenzi (<i>Human resource capacity</i>) (IDIP/DORA)	7,000	1%	-	0%	-	0%
Ulonolozo (kuqukwa i-EPWP)	168,673	13%	227,484	27%	285,118	27%
Iiklasi eziziimobhayili (kuqukwa ukusiwa kwezinye iindawo)	7,000	1%	5,000	1%	5,000	0%
Izikolo ezitsha	278,324	22%	371,184	45%	491,651	47%
Iiprojekthi zeziseko zophuhliso zezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa	11,000	1%	11,000	1%	-	0%
Itotali ePheleleyo	1,293,371	100%	829,623	100%	1,047,632	100%

Ittheyibhile: Actual Budget allocations over the MTEF

Ukuthathwa kwemali isiwe kulondolozo akukokwandisa kuphela isixa sebhajethi esabelwe ulondolozo. Ekubeni kwithuba elidlulileyo ulondolozo ibilulondolozo olubhajethelweyo lwenjongo ethile (*scheduled maintenance*), le theyibhile ingezantsi ibonisa iintlobo ngeentlozo zeeprogram zolondolozo ezisekelayo.

Iprojekthi	2013/14 R'000	Ikhomenti	2014/15 R'000	Ikhomenti	2015/16 R'000	Ikhomenti
Ulondolozo olubhajethelweyo ezikolweni	92,650	Kukhethwa izikolo eziqhelekileyo eziyi-±150 kwizithili zemfundo eziyi- 8	150	Kukhethwa izikolo eziqhelekileyo eziyi-±150 kwizithili zemfundo eziyi- 8	164,118	Kukhethwa izikolo eziqhelekileyo eziyi-±150 kwizithili zemfundo eziyi- 8
Ukubiywa kwezikolo	2,000		2,000		2,000	
<i>Rand-for-rand (schedule maintenance)</i>	22,000	Maluphunyezwe kuzo zonke izikolo	12,000	Maluphunyezwe kuzo zonke izikolo	17,000	Maluphunyezwe kuzo zonke izikolo
Abahlali kwii-school mobilisation	4,023	Makulingwe kwizithili ezi-2	3,917	Makulingwe kwizithili ezi-2	12,000	Makulingwe kwizithili ezi-8
Izikolo ziqhuba kakuhle	3,000	Makulingwe kwizithili esinye	8,000	Makulingwe kwizithili ezi-4	16,000	Makulingwe kwizithili ezi-8
Ukongama amanzi: Izivingci zamanzi	2,000	Makufakwe ii-water restrictors at ±130 schools p/a @ R15,000 per school Makuqalwe kwizikolo esiwasebenzisa kakhulu	2,000		4,000	
Ulondolozo -Life cycle maintenance	20,000	I-Life cycle maintenance kwizikolo eziyi-10	28,000	I-Life cycle maintenance kwizikolo eziyi-10	48,000	I-Life cycle maintenance kwizikolo eziyi-10
Ulondolozo olungxamisekileyo	20,000	Kulondolozo oluncinci noluphakathi	21,000	Kulondolozo oluncinci noluphakathi	22,000	Kulondolozo oluncinci noluphakathi
ISabelo solondolozo	165,673		227,484		285,118	

Theyibhile: Maintenance Budget (excluding EPWP)

Le theyibhile ilapha ngezantsi ishwankathela iiprojekthi eziphambili ze-MTEF (2013/14; 2014/15; 2015/2016).

Iprogram 2: Imfundo kwiZikolo zikaRhulumente	Ziyi-12 izikolo ezitsha eziziisekondari, zibe yi-13 eziziprayimari ezitsha, neziyi 410 eziza kuhlaziywa/zilondolozwe. Ziyi-17 izikolo eziziprayimari eziza kutshintshwa. Eli nani alibandakanyi ezinye izikolo eziyi-25 (iZikolo eziphakamileyo ezi-3 neziyi-22 eziziiPrayimari) phantsi kweprogram ye-ASIDI
Iprogram 4: Imfundo kwiSikolo esineeMfundo eziZodwa sikaRhulumente	Ziyi-2 iZikolo zeemfundo ezizodwa kunye nesibonelelo seziseko zophuhliso zezikolo zemfundo ezineemfundo ezizodwa
IProgram 7: UPuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo uKufunda	Ziyi-171 iiklasi zeBakala R kwizikolo eziziprayimari (kuqukwa neziyi-37 iiklasi zeBakala R phantsi kweprogram ye-ASIDI)

ISebe leMfundo esiSiseko lizibophelele ekubeni lixhase ngemali ngokusebenzisa i-*Accelerated School Infrastructure Development Initiative (ASIDI)*, izikolo eziyi-25 ezitshintshwayo eNtshona Koloni kule minyaka mibini izayo, lisebenzisa iimali ezongezelelweyo kwibhajethi yeSebe iWCED yeziseko zophuhliso.

Sisixa esiyi-R12m izigidi esiya kusetyenziswa ekuhlaziyeni iihostele zezikolo eziyi-23.

ISebe iWCED linenjongo yokuqinisekisa ukuba isikolo ngasinye kwiphondo sikhangeleka kakuhle kwithuba leminyaka emithathu ukuya kwiminyaka emihlanu elibekiweyo. Lifestyle ezaphukileyo, imibhalo yegrafiti, iingcango ezingavalekileyo, izindlu zangasese ezingasebenziyo nokuhla komgangatho weefasilithi ziyabatyhafisa abafundi nootitshala. Amanyathelo obulumko okuqinisekisa ukuba kuyafikelelwa kwisiphumo sokukhangeleka kakuhle (*presentability outcome*) achazwe yaye abelwe ibhajethi kwi-WCED User Asset Management Plan.

Kukho ukungaqiniseki okuthile ngenxaxheba yokukhula kwamanani abafundi exesha elizayo eNtshona Koloni nalapho imfuno yobhaliso iya kuziveza khona (ekhoyo nentsha) ngokubhekiselele kwindawo yokufundela. Oku kuneziphumo eziya kuchaphazela ngamandla kakhulu iSebe iWCED kwizinto elinganako ukufikelela kuzo ngokumalunga nokugqiba ezo zisaleleyo zingekagqitywa zichaphazelekayo. Kukho izizathu ezivakalayo zokulindela ukukhula okuqhubeka okokoko eNtshona Koloni kodwa akukho ngqiniseko ngokuba amanani abafundi abonisa ukukhula, aya kuhlala enjalo na okanye akunjalo. Ukuba ukukhula kwawo kuhamba ngesantya esiphakathi nje, iSebe iWCED linethuba elihle lokwenza indima ebonakalayo ukunciphisa ezo zisaleleyo zingekagqitywa ukuba ibhajethi yangoku iye isandiswa ngokwandiswa.

Iisistim nenkxaso kwiziphumo zokufunda eziphuculweyo

Zonke iinkqubo eziqatshelwe ngophicotho lwangaphandle nolwangaphakathi lwango-2012 ziya kusingathwa kakuhle ngo-2013 ukuqinisekisa usetyenziso olupheleleyo lweemali ezikhoyo nenkonzo engenamagingxi-gingxi ezikolweni.

Zine izintlu zezithuba zootitshala ezicwangciselwe u-2013. Izithuba zeenqununu ziya kupapashwa kuluhlu ngalunye lwezithuba zengqesho naxa kukho imfuneko yoko. Ukwenzela ukwandisa uzinzo kulawulo ezikolweni, inkqubo yokugqibezela ukuqeshwa kweenqununu zezikolo, kungekho kulibaziseka kungako, kuya kuqhutyekwa nokuba iqwalaselwe kuqala. Iikhrayitheriya zokuqeshwa, ezichazwe kwizaziso zezithuba, zibandakanya imfuno yabagqatswa bolawulo lwesikolo abaza nobungqina bokuba bawuphucule umgangatho kwimisebenzi yabo yangaphambili. Izintlu zezithuba zengqesho ziya kuqinisekisa ukuba izikolo zingaqesha kwangexesha, ukuze ngokwenjalo ziqinisekise utshintsho olungenamagingxingxi kubunkokeli nophazamiseko olungekangako kwinkqubo yesikolo. Izikolo zaziswa ngamanani ezithuba zengqesho eziwabelweyo ngo-2013 ngoSeptemba 2012, ukwenzela ukuba ukucwangcisa nokwenziwa kwethayimthebhile kwenziwe ngexesha. Iiprogram zoqheliso eziqhubeka okoko ziya kunika inkxaso abaqeshwa abatsha. Isistim entsha yokugaya abasebenzi (*e-recruitment system*) ifanele ukwenza lula zonke iimeko zenkqubo yokugaya abasebenzi.

Iiprogram yokubeka esweni eyaqaliswa ngo-2012 yokulandelela iinkqubo zeziCwangciso zoPhuculo lweSikolo iya kuqhubeka nango-2013.

Yonke imiba yokulungela kwesikolo unyaka ka-2013 yasingathwa ngokwezicwangciso. Oku kubandakanya ukulungela kwezakhiwo zesikolo ukusetyenziswa kwakunye nokulungela kwaso ngokwekharithulam nolawulo yaye kuya kwabandakanywa noqwalaselo lwemfuno yokuba izikolo zibe zizikolo ezinenkathalo (*caring schools*.) Ifanitshala ebithengiwe isive ezikolweni phambi kokuba zivule ngo-2013. Oku kubandakanya ukuthenga ifanitshala yezikolo ezitsha.

Iiprogram yobhaliso kwasekuqaleni ukulungiselela u-2013 yabeka imihla eyayapashwa ngexesha yokuba abazali babhalise abantwana babo nee-ofisi zezithili zemfundo zimisele iikomiti zobhaliso lwabafundi ukuncedisa abazali. Le program iya kuphindwa ngo-2014.

Iya kuqhubeka iiprogram yoqheliso neyenkxaso yamaBhunga oLawulo eZikolo akhethwe ngo-2012. Ugxininiso luya kuba kwiindima nemisebenzi eziintlobo ngeentlobo yamalungu eSGB, nebandakanya nendima yawo ekuqeshweni kweenqununu nootitshala. Kuya kubakho ugxininiso olungamandla kwiindima zawo kulawulo lwemicimbi yemali.

libhasari zaphambi kokungena enkonzweni zinikwa ootitshala ababonisa umdla nolangazelelo (*aspiring teachers*), abajolise kwizifundo ezingqobileyo kwiinkalo ezifana neMathematika, iSayensi, iThekhinoloji neSigaba seSiseko. libhasari eziyi-200 ziya kubonelelwa kunyaka wokufunda ngamnye ukulungiselela ootitshala abasanda kuqeqeshwa kwizifundo ezikhethiweyo. Sele senziwe isicwangciso sokuba abasebenzi abangaphezu kwemfuneko bafakwe ezithubeni yaye abo babenikwe ibhasari iFunza Lushaka (*Funza Lushaka bursary holders*) mabaqeshwe njengootitshala abasisigxina okanye ababambeleyo ukuba kunokwenzeka oko. Kukho amalinge enziwayo aqhubela phambili amalunga noku.

Uqeqesho lootitshala nabaphathi bezikolo ngumba ekugxininiswa kuwo ngakumbi liSebe iWCED. Olu qeqesho lubandakanya iikhosi eziziintlobo ngeentlobo, iisemina neenkomfa e-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI). Ukongeza kwiikhosi ezigxila ngamandla kokuthile zeeveki ezimbini ukuya kwezintathu, iCTLI ikwaqhuba neesemina neenkomfa ezahlukeneyo ngezihloko ezibalulekileyo.

Kwimeko yeenqununu, ugxininiso luya kuba sekuboneleleni ngozinzo oluphuculweyo ezikolweni nangophuhliso nenkxaso yabo bangenamava okanye abafuna ingcebiso engaphezulu (*extra mentoring*). Zonke izithili zibamba iiseshoni zoqheliso ukulungiselela abaqeshwa bazo. Ukongeza apho, iqela labaphathi bezikolo liza kuqalisa i-Advanced Certificate in Education: School Leadership. Ikhosi eCTLI zoqeqesho kulawulo lwezikolo ziya kubandakanya ezi zihloko: *inqununu njengomphathi wekharithyulam; iindima nemisebenzi yamasekela-nqununu; iindima nemisebenzi yeentloko zamacandelo (heads of department), iinqununu ezibonisa umdla nolangazelelo (aspiring principals) neenkokeli zezikolo; uqhelwaniso lweenqununu namasekela-nqununu nomsebenzi wawo; uqeqesho lweekomiti zolawulo zezikolo nabasetyhini abakulawulo nabanomdla wobakulawulo.*

Uphando olwenziweyo eMzantsi Afrika (*South African research papers*) lunika ubungqina bokubakho kwefuthe elibi lokuphazamiseka kwabafundi kwizifundo. Ngako oko ke oku kugxininisa ngamandla ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kweeyure zokufundisa. Olu gxininiso luxhaswa zizalathi ezitsha zeengxelo zekota zokungahambi isikolo kwabafundi nootitshala (*learner and teacher absenteeism*) kunye nomgaqo-nkqubo wokungahambi isikolo kwabafundi (*learner absenteeism policy*). Ngo-2013 kuya kubakho ugxininiso ngamandla oluya kuqhutyelwa phambili malunga noku.

Ukwenzela ukubethelela ugxininiso kwixesha elandisiweyo lokufundisa, iKhalenda yoCwangciso, yathunyelwa ezikolweni ngoSeptemba 2012.

Kwaqaliswa iinkqubo zokunciphisa ukuphazamiseka kwexesha lokufundisa. Amagosa makangabakhuphi ootitshala neenqununu emisebenzini yabo abayenzayo. Izikolo mazaziswe ukuba kufanele kungabikho kuphazamiseka kwiprogram yokufundisa (*instructional programme*) ngenxa yeendwendwe, iiNGOs neminye imisebenzi. Umgaqo-nkqubo weehambo zokufunda zesikolo (*school excursion policy*) ucacisa ukuba isikolo masenze isicelo kumlawuli wesithili semfundo phambi kokuba abafundi bathathe uhambo lokufunda.

ISebe iWCED liya kuqhubeka nokuphumeza iprogram yokulungisa umonakalo omkhulu wethuba langaphambili (*redress programme*) ngokusebenzisa izikolo ezigxininisa kokuthile ii-*“focus schools”*; nokondla abafundi nangokubonelela ngezikolo ezingabizi zifizi.

Iimali ezabiwa ngokweMimiselo neMigangatho yolwabiwo-mali ezikolweni, ziyalinganiselwa ngokweemfuno ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abathwaxwa yintlupheko zabelwe imali engaphezulu.

Ukususela kunyaka-mali ka-2013/14, izixa “ngomfundi ngamnye” emazihlawulwe kwizikolo zamaNqanaba eNtlupheko kaZwelonke 1, 2 no- 3 ziya kwenziwa zifane/zilingane (*equalised*); ngamanye amazwi, izikolo ze-NQ 2 no- 3 ziya kufumana inkxaso-mali efanayo njengezikolo zeNqanaba 1.

Izabelo zeeThagethi zikaZwelonke		
	Ezikhutshwayo njengangoku	2013/14
Inqanaba 1	R960	R1 010
INqanaba 2	R880	R1 010
INqanaba 3	R880	R1 010
INqanaba 4*	R480	R 505
INqanaba 5*	R165	R 252
* <i>Umdlili weendleko kwizikolo zonke (Average cost for all schools)</i>		

Iindleko zokulinganiswa kwezi zixa ngomfundi ngamnye zamaNqanaba eNtlupheko kaZwelonke 1 - 3 ngomfundi ngamnye iya kuba yi-R24m yezigidi ngo-2013/14 ne-R26m yezigidi ngo-2014/15.

Kukho izikolo ezibiza iifizi eziyi-300 kwi-NQ 4 no-5 apho itotali yeefizi ezibizwayo ngomfundi ngamnye kunye nesabelo esikhutshwa ngokwemimiselo nemigangatho, ingaphantsi kwesixa-mali esihlaziyiweyo esiyi-R1 010 ngomfundi ngamnye esabelwe izikolo ze-*National Quintiles* 1 - 3 liSebe iWCED. Kuya kwenziwa zifumaneke iingxowa-mali kwezi zikolo ngolu lulandelayo: ngo-2013/2014 isabelo siya kuba yi-R18m yezigidi nesiya kunciphisa umsantsa kangange-25%, kuze ngo-2014/15 ibe zizigidi eziyi-R53m ezibekelwe bucala neziya kuwunciphisa umsantsa kangange-73%.

Imeko yeefizi	Inani lilonke lezikolo
Ezingabizi zifizi	669
Izikolo ezibiza iifizi	783
Itotali iyonke	1 452 (kungafakwanga ezitsha ezili-10)

Ngo-2011 iSebe iWCED labuyisela izikolo izigidi eziyi-R21m ngenxa yokuxolelwa kwabazali ekuhlawuleni iifizi. Le program inceda izikolo esele zamkele abafundi abangenako ukuhlawula iifizi. Ngo-2012, yiR31m yezigidi eyasetyenziselwa ukunika inkxaso abafundi abayi-69 829 kwizikolo eziyi-650 yaye kucetyisiwa ukuba yandiswe ngakumbi ukulungiselela u-2013.

Iiprogram ezixhaswa ngemali ziqhutywa kwezo zikolo zihlelwa njengezona zithwaxwa mpela yintlupheko ngokwamanqanaba anxulunyaniswa nentlupheko kaZwelonke (Amanqanaba 1 - 3).

I-*National School Nutrition Programme* inika abafundi abangaphezu kwe-427 576 ukutya okunesondlo yonke imihla kwizikolo eziziiPrayimari, ezeMfundo eneeMfuno eziZodwa neZikolo eziziiSekondari ezithagethiweyo eziyi-1 020.

Iskim sothutho lwabafundi njengangoku, siya kubonelela ngezithuthi ezizibhasi abafundi abayi-50 000, ukuya nokubuya esikolweni, abakwiindawo ezisemaphandleni ikakhulu. Kubaluleke kakhulu ukubekwa esweni ngokungqongqo kwale nkqubo ukuqinisekisa ukhuseleko lwabafundi. Ngo-2012, isistim yafakwa kwi-CEMIS ukuncedisa kulawulo oluchanekileyo lwale nkqubo ingelula.

5. Isishwankathelo seBhajethi ka-2013/14 noQikelelo lwe-MTEF

5.1 Uqikelelo lweNkcitho

BT' 001	Icandelo lemfundo yephondo-limpawu eziphambili					
	2010/11	2011/12	2012/13	2013/14	2014/15	2015/16
	Eyiyo kanye	Eyiyo kanye	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo
Ingeniso (R' 000)						
Isixa esabiwe ngoBulungisa (<i>Equitable share</i>)	11,035,789	12,069,418	12,922,506	13,937,705	14,831,071	15,895,292
Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	889,501	1,187,187	1,337,749	1,627,355	1,198,002	1,444,482
Inkxaso-mali yeziphomali (<i>Donor- Funding</i>)	0	0	0	0	0	0
Ezinye iimali (ii-Asset Finance Reserve)	8,219	70,630	75,455	9,893	0	0
Ingeniso yeSebe (<i>Own Revenue</i>)	22,234	33,918	24,533	26,965	28,227	29,106
Itotali	11,955,743	13,361,153	14,360,243	15,601,918	16,057,300	17,368,880
Iintlawulo ngeprogram nganye (R'000)						
1. Ezolawulo	497,574	532,038	591,261	599,417	631,491	666,636
2. Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (makujongwe ukwahlulwa kwazo apha ngezantsi)	8,813,431	9,765,759	10,384,098	11,222,303	11,922,781	12,750,339
3. Inkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	59,696	63,554	72,697	81,078	85,495	89,428
4. Izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente	688,458	754,782	870,479	894,743	954,691	1,008,814
5. Imfundo noQeqesho oluQhubekayo (<i>Further Education and Training</i>)	446,971	534,659	597,589	351,437	373,920	396,219
6. Imfundo yaBadala noQeqesho	32,152	33,098	35,818	37,896	39,755	41,752
7. UPuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo ukufunda (<i>ECD</i>)	295,228	339,593	386,030	456,576	508,731	611,681
8. Uphuculo lweziseko zophuhliso	543,258	734,194	790,987	1,293,371	829,623	1,047,632
9. Iinkonzo ezincedisayo nezinxulumene nazo	578,975	603,476	631,284	665,097	710,813	756,379
	11,955,743	13,361,153	14,360,243	15,601,918	16,057,300	17,368,880

BT ² 001	Icandelo lemfundo yephondo-limpawu eziphambili					
	2010/11	2011/12	2012/13	2013/14	2014/15	2015/16
	Eyiyo kanye	Eyiyo kanye	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo
lintlawulo eziya kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo (R' 000)						
2.1 Izikolo eziziiprayimari zikarhulumente	5,241,241	5,741,001	6,028,831	6,497,717	6,894,055	7,411,648
2.2 Izikolo eziziisekondari zikarhulumente	3,311,542	3,693,241	3,993,087	4,325,526	4,605,170	4,891,658
lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)						
lintlawulo zaNgoku	10,245,561	11,206,814	12,195,218	13,073,375	13,922,174	15,007,960
Imbuyiselo yabaqeshwa	9,193,266	9,997,071	10,835,720	11,621,100	12,344,928	13,293,936
▶ Ootitshala	7,861,827	8,568,143	9,270,427	9,938,180	10,556,387	11,383,432
▶ Abangezotitshala	1,331,438	1,428,928	1,565,293	1,682,920	1,788,541	1,910,504
limpahla neenkonzonokunye (<i>current</i>)	1,052,295	1,209,743	1,359,498	1,452,275	1,577,246	1,714,024
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	1,260,490	1,483,057	1,422,801	1,315,468	1,433,127	1,493,955
lintlawulo zee-asethi ii- <i>capital assets</i>	448,697	669,240	738,112	1,208,749	697,461	862,218
lintlawulo kwii-asethi zezemali	995	2,042	4,112	4,326	4,538	4,747
Itotali	11 955 743	13 361 153	14 360 243	15 601 918	16 057 300	17 368 880

²BT umele u-Budget Table

ST003	Icandelo lemfundo yephondo- Ulwabiwo ngokwemimiselo yolwabiwo lwezithuba (2013)				
Iiprogram/linjongo zezithuba	Izithuba zeNqanaba 1	Izithuba zeNqanaba 2	Izithuba zeNqanaba 3	Izithuba zeNqanaba 4	Itotali
Izithuba ezabiwe nge- Model	20 151	4 366	1 424	1 530	27 471
Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	18 817	4 366	1 348	1 460	25 991
Izikolo eziziprayimari zikarhulumente	11 426	2 467	803	1 094	15 790
Isigaba seesekondari zikarhulumente	7 391	1 631	545	366	9 933
Imfundo kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente	1 334	268	76	70	1 748

Umthombo: I-Post Provisioning Model 2013 (Rounded)

Ubalo lwasekelwa kwi-Post Distribution Model for 2010 ukugcina uzinzo kumaziko.

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo

1. IProgram 1: Ezolawulo

Injongo: Ukubonelela ngolawulo luphela nangenkxaso kwinkqubo yezemfundo, ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo, uMthetho woLawulo lwezeMali kaRhulumente neminye imigaqo-nkqubo

Ucazululo ngeprogram nganye:

Ngo-2013 ugxininiso luya kuba kwimpumelelo ephuculweyo ngokumalunga neenkonzo zolawulo eziza kwenziwa, kwiisitim eziphuculweyo ezibandakanya usetyenziso olungqongqo lweenkqubo nemigaqo ye-akhawuntingi (*accounting practices and disciplines*) nenkxaso esekelwe kwiimfuno eza kunikwa izikolo.

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2013:

- linkalo eziphambili zokwenziwa kweenkonzo kwiCandelo lezaBasebenzi ziya kuba (i) lulawulo lwenkqubo yoKwabiwa kweZithuba (*Post Provisioning process*) yaye izikolo ziya kwaziswa ungalulanga owe-31 Agasti 2013, ngamanani ezithuba ezabelwe wona ukulungiselela u-2014 (ii) lupapasho lwezithuba zengqesho zootitshala abakumaziko (iii) lulawulo loMgaqo-nkqubo i*Policy on Incapacity Leave and Ill-health Retirement* (iv) kukugaywa nokukhethwa kwabaqeshwa abanobuchule (v) kukuhlawulwa kwabaphathi (vi) kukufakwa ezithubeni kwabanezidanga be-Funza Lushaka kwakunye nabasebenzi abangaphezu kwemfuneko kunye (vii) neenkqubo zokusebenza ezisemgangathweni (*sound labour practice*) kunye nabathathi-nxaxheba bangaphakathi nabangaphandle.
- Izikolo kwakhona ziya kunikwa isixhobo sekhompyutha i-*standardised online tool* nge-CEMIS/i-SAMS sokufaka isiCwangciso soPhuculo lweSikolo. Oku kuya kwenza izikolo zibe nako ukujonga indlela eziqhuba ngayo ezifundweni ukwenzela ukuba zenze izigqibo zinolwazi ngeethagethi. Izicwangciso zazo zoPhuculo lweSikolo ii*School Improvement Action Plans* nazo ziya kufakwa kwikhompyutha
- Iqela leenkqubo zokwenza imisebenzi ezenziwa ngoomatshini (*automated*) ziya kubonelela ngeefasilithi zekhompyutha, ukwazi ukufikelela, ukunika ingxelo neenkqubo zokubekwa esweni kwezikolo, kweZithili neeyunithi zakwaNdlunkulu. Ezi zibandakanya iincwadi zezifundo neencwadi zokwenza umsebenzi, ukuxolelwa ekuhlawuleni iifizi, izithuba ezabelwe amaziko, i-*e-recruitment* neProgram yeSondlo yeZikolo.
- Onke amacandelo eSebe iWCED aya komeleza ukuthathela ingqalelo iinkqubo nemigaqo ye-akhawuntingi (*accounting practices and disciplines*) nemicimbi yokuthengwa kweempahla neenkonzo ukwenzela ukuphucula uphicotho lweengxelo zemali loMphicothi-zincwadi
- Umsebenzi wolawulo nokuphathwa kwamaziko kwizithili ujongisisiwe kwakhona yaye wavavanywa uthelekiswa nemigaqo yoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act (SASA)*) ingakumbi imiba ephathelele kulawulo lweemali zesikolo nokuphathwa kwezikolo ngokubanzi. Ugxininiso luya kuba sekomelezeni uququzelelo kwizithili, ukubeka esweni nokuhlolwa ngokomsebenzi weeNtloko naBaphathi beze-IMG
- IiSGBs ziya kusebenzisa inkqubo entsha yokuvavanya umsebenzi wazo ngokwazo ngokumalunga nemisebenzi yesiqendu 20 no-21 kwakunye nokuthatha kwazo inxaxheba kwinkqubo yeziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (*School Improvement Planning process*) kwizikolo ezichaphazelekayo. ISebe iWCED liya kuqhubeka nokuququzelela uqeqesho lweeSGBs ngokungqinelana neprogram yoqeqesho evunyiweyo yeminyaka emi-3. Zonke iiSGBs ziya kucelwa ukuba zijoyine imibutho yeeSGB (*SGB Associations*) nekuya kuqhutywa ngayo uqeqesho ikakhulu ukususela ngoMeyi 2013. Uqeqesho lolokugxininisa kulawulo lwezemali, ukhetho nokutyunjwa kwabasebenzi kwakunye nokhuseleko lwesikolo nokwenziwa sihle kwaso (*school safety and beautification*)
- Ukuphicothwa kweemali zezikolo (*schools financial audit*) eziyi-100 okwagqitywa ngo-Apreli 2012 kunike iSebe WCED ingcaciso eninzi ukubonisa ukuba ii-SGBs neenqununu kwizikolo ezikhethiweyo kufuneka ziqeqeshwe yaye zinikwe iinkxaso ngamandla ngokumalunga nemisebenzi yolawulo lwezemali. Ngokumalunga nolu phicotho, ziya-81 izikolo eziya kufumana uqwalaselo oluphambili ngethuba lesiqingatha sokuqala sika-2013

- Abasebenzi bezithili baya kuqeqeshwa kwimiba engolawulo lwemali oluyimpumelelo (*management of effective financial control environments*)
- ISebe iWCED liya komeleza ukuqeqeshwa kweeSchool Corporate Officers (ezisakuba zii-Admin Development Advisors ukuqinisekisa ukuba ulawulo lwezemali ezikolweni lufumana ingqwalasela ephambili
- Ukuhlelwa kwezikolo ngokumalunga nemeko yazo yolawulo lwezemali (*financial management status*) kuya kwenziwa ngokususela kwizalathi zentsebenzo kwezemali neenkqubo zolawulo (*financial performance indicators and controls*)

liprogram ezisekelayo

Iprogram esekelayo 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa

ukulungiselela ukwenziwa kwemisebenzi ye-ofisi yeLungu leBhunga leSigqeba (*Member of the Executive Council (MEC) kwezemfundo ngokungqinelana nencwadana i-ministerial handbook*)
Iprogram esekelayo 1.2: IiNkonzo zeZiko zokubonelela ngeenkono zolawulo ezingajolisanga ngqo kwimfundo inkqubo yezemfundo

Iprogram esekelayo 1.3: Ulawulo lwezeMfundo lokubonelela ngeenkono zolawulo lwezemfundo ukulungiselela inkqubo yezemfundo
Iprogram esekelayo 1.4: Uphuhliso lwaBasebenzi

ukubonelela ngophuhliso lwezakhono zabasebenzi kubasebenzi abasezi-ofisini

Iprogram esekelayo 1.5: I-Education Management Information System (EMIS)

ukubonelela ngengcaciso yolawulo lwezemfundo ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo weNgcaciso yezeMfundo kaZwelonke (National Education Information Policy)

1.1. Iinjongo zoBuchule, izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2013/14

Iprogram 1: Iinjongo eziCwangciswe ngoBuchule	
Injongo ecwangciswe ngobuchule 1.1	Ukusa izibonelelo ezingabantu neziyimali kwezo zithili zemfundo nakwizikolo ezithe ngokwemali zafumana inkxaso-mali esezantsi nokuqinisekisa ulawulo lwezemali nolwabasebenzi luphela nolawulo lwezemali nolwaBasebenzi (<i>HR management</i>).
Inkcazo yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukwenza iinkonzo zenkxaso kulawulo lwezemali neenkono zeengcebiso ukwenzela ukuba umgangatho weengxelo-mali zonyaka ube ngoxhaswa ngamaxwebhu aphicothiweyo nangqinelaniswe nesikhokelo sikaNondyebo kaZwelonke. 2. Ukwenza iinkono zolawulo loqhagamshelwano nabathengisi ukwenzela ukuba inani lezitenxo ngokumalunga nemigqaliselo yomthetho (<i>legislative prescripts</i>) (<i>kubandakanywa iimfuno zemigqaliselo yolawulo lwebhajethi nokuthengwa kweempahla nenkonzo</i>) <i>lincitshiswe libe kumanqanaba okungqinelana nemigaqo-nkqubo afanelekileyo (appropriate compliance levels)</i> 3. Ukuxhasa ngemali nangabasebenzi kakhulu nangokwahluka-hlukeneyo ngokuxhomekeka kwiimali ezikhoyo ngokweMimiselo neMigangatho nemeko yokungabizi zifizi kwezikolo. 4. Ukuqesha abasebenzi nokuxhasa ngemali izithili zemfundo ngokwahluka-hlukeneyo ngokuxhomekeka kwiimfuno zazo. 5. Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zinootitshala abaqeshwe isigxina ngokukhupha izintlu zezithuba ezine ngonyaka nokuzalisa izithuba kwithuba leenyanga ezintathu zokupapashwa kwazo. 6. Ukuqinisekisa ukuba zonke iinqununu zinolwazi ngenani lezithuba ezabelwe izikolo zazo yaye zizilawula ngexesha izitraktsha zezikolo zazo, iinkqubo zekhefu neenkqubo zobudlelwane emsebenzini. Zonke izikolo kufanele zibe nenani lezithuba ezabelwe zona zonyaka ngamnye phambi kukaSeptemba yaye ziqinisekise ukuba zonke izithuba ezingenamntu zibhalisiwe kwiSebe iWCED ukulungiselela ukupapashwa kwazo ngokwesikhokelo sikazwelonke nesephondo. 7. Ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abanika inkxaso bafakwa kwizithuba ezingqinelana nemimiselo nemigangatho nokunceda izikolo ngeenkqubo zokuzaliswa kwezithuba kwiinyanga ezintathu zokupapashwa kwazo. 8. Ukuqinisekisa ukuba uvavanyo lwentsebenzo lwabo bonke abasebenzi benkonzo karhulumente lwenziwa lugqitywe qho ngonyaka. 9. Ukuqeqesha bonke abaphathi ezikolweni kwiinkqubo zokusingatha iinkqubo zezikhalazo nezoluleko (<i>grievance and disciplinary procedures</i>) nokuncedisa ngenkxaso yobungcali bokwazi ukuyisingatha.

Injongo ecwangciswe ngobuchule 1.2	Ukuphucula ukukwazi ukuphendula nobuchule beSebe iWCED ngokugxininisa ekuphuculeni iinkqubo zoshishino zeSebe neesistim.
Inkcazo yenjongo	<p>1. Ukuqinisekisa ukuba kukhuthazwa umoya wokuphucula umgangatho wokwenziwa kweenkonzo nosekelwa kwiziphumo yaye oko kusetyenziswa kuwo onke amanqanaba eziko ukuqinisekisa ukuphucula umgangatho wokwenziwa kweenkonzo.</p> <p>2. Ukugcina i-EMIS (<i>Education Management Information System</i>) ihlale isebenza kakuhle</p> <ul style="list-style-type: none"> ▪ Ukumisela nokulondoza iisistim zengcaciso ukunceda ukulawula nokubeka esweni inkqubela phambili ▪ Ukwandisa ulawulo lwe-reporting tool (<i>EduInfoSearch</i>). ▪ Ukuqeqesha abaphathi kwandlunkulu nakwii-ofisi zezithili ukusebenzisa isixhobo i-reporting tool ngokubanzi kakhulu nangokuyimpumelelo. <p>3. Ukugcina i-District Education Management Information System (DEMIS) ihlale isebenza kakuhleUkubonelela izithili ngoovimba abandawonye (<i>central repository</i>) bengcaciso ukulungiselela iimeko zosetyenziso lweenkqubo zoshishino kwizithili nokwandisa ukwazi ukuphendula ngokuqhubekayo nokunika ingxelo.</p> <p>4. IsiCwangciso soPhuculo loKwenziwa kweNkonzo</p> <p>Ukusingatha yonke imingeni yokwenziwa kweenkonzo, ingakumbi leyo ichazwe kwiiSaveyi zoKwaneliseka kwaBenzelwa iNkonzo (<i>Customer Satisfaction Surveys</i>).</p>
Injongo ecwangciswe ngobuchule 1.3	Ukubonelela abakulawulo abathagethiweyo ngoqeqesho lwamagosa, amalungu eekomiti zolawulo zezikolo neeSBGs.
Inkcazo yenjongo	<p>1.Ukuququzelela uqeqesho lwabaphathi abachaphazelekayo neeprogram zophuhliso zohlobo lophuhliso lolwazi, lwezakhono namanqanaba obuchule abaphathi abakhulu beSebe iWCED.</p> <p>2.Ukubonelela ngoqeqesho lwabasenkonzweni (<i>in-service training</i>) namathuba ophuhliso lweenkokeli zezikolo e-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI).</p> <p>3.Ukubonelela ngoqeqesho nenkxaso kumalungu eSGB ngokungqinelana nomjikelo wokutyunjwa kwawo.</p>

Isishwankathelo sezinto ezingayingxaki		
Iinjongo ezicwangciswe ngobuchule (<i>Strategic Objectives</i>)	Izinto ezingayingxaki	Iisombululo esicetyiswayo
Injongo 1.1: Ukusa izibonelelo ezingabantu neziyimali kwezo zithili zemfundo nakwizikolo ezithe ngokwembali zafumana inkxaso-mali esezantsi nokuqinisekisa ulawulo lwezemali nolwabasebenzi luphela.	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuqeshwa kwabagqatswa abangafanelekanga (nokuqaphela ukuba ukuqeshwa esikolweni kwenziwa ngamaBhunga oLawulo eZikolo). • Ukulibaziseka ekuqeshweni umz. Ngokungenziwa komsebenzi ngendlela ezikolweni; ukungabikho kwabenzi-sicelo abafanelekileyo, nokulibaziseka ekusingatheni izicelo. • Ukungaqatshelwa kakuhle kwabafundi abathwaxwa yintlupheko okungenzeka, ngenxa yeziphene kwinkqubo yamaNqanaba eNtlupheko yokuhlela izikolo. • Ubhaliso lwabafundi abathwaxwa yintlupheko kwizikolo ezikuma-nqanaba aphezulu (<i>high quintiles</i>) nezingenako ukubanika inkxaso. • Izigqibo malunga nokwabelwa iimali kwezikolo ngokusekelwe kuqwalaselo olunganelanga lweenkqubo zokhuphiswano okanye ukungaphumeleli ukwenza izigqibo ezipheleleyo ezimalunga nemigaqo-nkqubo • Ukungakwazi ukungqinelana ne-PFMA, neenkqubo zolawulo njl.njl. 	<ul style="list-style-type: none"> • Makuphuculwe ngamandla kakhulu ulawulo, neenkqubo zokunika inkxaso ukugaywa nokukhethwa kwabantu abafanelekileyo nabazingcali. • Ukubandakanywa kwesicwangciso souk-Gaya aBasebenzi kwiziCwangciso zo-Phuculo lweZikolo • Ukuqaliswa kwezicelo ezenziwa ngekhompyutha (<i>online application process</i>) • Isistim entsha yenkxaso-mali kwizikolo “ezingabizi fizi”, kunye neendidi ezimbini ezisebenza ngempumelelo endaweni yeendidi ezintlanu zethuba langaphambili. • Inkxaso kubafundi abangahlawuli zifizi kwizikolo ezibiza iifizi. • Ukuqeshwa kweDDG yeYunithi yezeMali neyoLawulo lwaNgaphakathi • Ukuqaliswa kwenkqubo entsha yolwabiwo-mali nokulandelelwa qho ngekota kwemisebenzi eyenziweyo, oku kuthelekiswa nebhajethi. <p>Ukwandisa kweenzame kwiinkalo zonke ukuqinisekisa ulawulo lwemali olugqwesileyo</p>

Isishwankathelo sezinto ezingayingxaki		
linjongo ezicwangciswe ngobuchule (<i>Strategic Objectives</i>)	Izinto ezingayingxaki	Isisombululo esicetyiswayo
Injongo 1.2: Ukuphucula ukwazi ukuphendula nobuchule beSebe iWCED ngokugxininisa ekuphuculeni iinkqubo zoshishino zesebe neesistim.	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukuphunyezwa kwezisombululo ezingafanelekanga 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukusetyenziswa kwezixhobo zokubeka esweni okanye zophicotho ukuqaphela iingxaki umz. “<i>School Improvement Monitoring</i>”; <i>annual Customer Satisfaction Survey</i>; <i>internal audit</i>; <i>Management Performance Assessment Tool (MPAT)</i>; nezinye iinkqubo ezithatha ixesha elide okanye ezintsonkothileyo. ● Uphando okanye izisombululo ezigqibeleleyo yaye zilingwe
Injongo 1.3 Ukubonelela abakulawulo abathagethiweyo ngoqeqesho lwamagosa, amalungu eekomiti zolawulo zezikolo nee-SBGs.	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukubonelela ngoqeqesho ngaphandle kokubakhupha abalawuli “emsebenzini wabo” ● Ukubonelela ngoqeqesho oluhambelana nemfuno 	<ul style="list-style-type: none"> ● Ukwenza amalungiselelo eekhosi ngeempelaveki okanye emva kweeyure. ● Ukuqulunqa iiprogram ezinokutshintshwa-tshintshwa noqeqesho olusekelwe kwiimfuno

Izalathi zeNtsebenzo yeProgram		Intsebenzo ephicothiweyo/Eyiyo kanye			Intsebenzo eqikelelweyo 2012/13	Iithagethi zethuba eliphakathi		
		2009/10	2010/11	2011/12		2013/14	2014/15	2015/16
1.1	Ukuqinisekisa ulawulo lwezemali	Uphicotho olungenama-khwiniba	Uphicotho olungenama-khwiniba	Uphicotho olunama-khwiniba	Uphicotho olungenama-khwiniba	Uphicotho olungenama-khwiniba	Uphicotho olungenama-khwiniba	Uphicotho olungenama-khwiniba
1.2	Izitenxo malunga neziniki-maxabiso ezingaphezu ko-500 000	28	19	6	6	6	6	6

1.2. Ukungqinelanisa iiThagethi zentsebenzo neBhajethi neMTEF

BT 101	Ezolawulo-limpawu eziphambili	2010/11 Eyayo kanye	2011/12 Eyayo kanye	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo	2015/16 Eqikelelweyo
Iintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)							
	1.1 I-ofisi yoMphathiswa wezeMfundo (MEC)	4,886	5,550	6,843	7,217	7,725	8,193
	1.2 IiNkonzo zeZiko	210,833	214,370	235,416	247,457	265,412	281,307
	1.3 Ulawulo lwezeMfundo	256,223	285,468	316,436	303,122	321,178	338,251
	1.4 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	1,119	1,306	8,881	9,341	3,304	3,456
	1.5 ISistim yoLawulo lweNgcaciso yezeMfundo (i-EMIS)	24,513	25,344	23,685	32,280	33,872	35,429
	Itotali	497,574	532,038	591,261	599,417	631,491	666,636
Iintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)							
	Iintlawulo zaNgoku	366,999	398,383	477,601	488,866	515,516	545,327
	Imbuyiselo yabaqeshwa	250,450	252,346	283,249	310,226	333,792	355,156
	► Ootitshala	52,595	52,993	59,482	65,147	70,096	74,583
	► Abangezotitshala	197,855	199,353	223,767	245,079	263,696	280,573
	Iimpahla neenkonzo nokunye (current)	116,549	146,037	194,352	178,640	181,724	190,171
	Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	118,653	97,041	51,643	43,308	45,440	47,530
	Iintlawulo zee-asethi ii-capital assets	10,927	34,572	57,905	62,917	65,997	69,032
	Iintlawulo kwii-asethi zezemali	995	2,042	4,112	4,326	4,538	4,747
	Itotali	497,574	532,038	591,261	599,417	631,491	666,636

BT 101	IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram yeProgram 1	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eyiyo kanye	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo	2015/16 Eqikelelweyo
IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram yeProgram 1							
► PPM 101: Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa i-SA SAMS ukubonelela idatha kwisistim yokulandelela abafundi kazwelonke (<i>national learner tracking system</i> ¹)		1 452	1 453	1 458	1 459	1 469	1 473
► PPM 102: Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (nge-imeyili)		1 447	1 452	1458	1 459	1 469	1 473
► PPM 103: Ipesenti yenkcitho yangoku ebhekiselele kwizinto ezinganxulumananga nabasebenzi (<i>non-personnel items</i>)		23.11%	25.18%	24.54%	25.51%	23.11%	23.46%

BT102	Inkcitho ngento nganye (2013/14) R'000									
	1. Admin	2. POS	3. Indep	4. Spec	5. FET	6. ABET	7. ECD	8. Infra	9. Aux	Itotali
lintlawulo zaNgoku	488,866	10,556,765	-	754,766	302,639	10,347	127,245	175,494	657,253	13,073,375
Imbuyiselo yabaqeshwa	310,226	9,641,600	-	736,741	302,639	8,905	75,342	5,948	539,699	11,621,100
Imivuzo nemirholo	270,741	8,384,131	-	639,395	270,102	8,648	64,986	5,948	482,996	10,126,947
lintlawulo zezentlalo	39,485	1,257,469		97,346	32,537	257	10,356		56,703	1,494,153
limpahla neeNkonzo	178,640	915,165	-	18,025	-	1,442	51,903	169,546	117,554	1,452,275
lintlawulo zoLawulo	894	30	-	-	-	-	-	-	84	1,008
Ukupapasha izithuba zengqesho	4,917	1,580		-		406	2	-	1,040	7,945
I-arhente kunye neenkonzo zenkxaso/ ezenziwa ngababoneleli bangaphandle	11,984	226,670		79		-	40,206	747	2,854	282,540
Ii-Asethi <R5 000	21,130	42,596		-		-	-	126	2,960	66,812
Iindleko zophicotho : Olwangaphandle	12,964	-		-		-	-	-	-	12,964
libhasari (abaqeshwa)	690	9,340		-		-	-	-	-	10,030
Ukulungisa ukutya (<i>catering</i>): Imisebenzi yamasebe	1,313	12,838		38		38	55	-	1,175	15,457
Unxibelelwano	5,545	299		-		-	1	-	6,028	11,873

¹ Makuqatshelwe ukuba nangona izikolo zingasebenzisi i-SASAMS, ziyayinika idatha kwi-national learner tracking system zisebenzisa i-equivalent education information management information system

BT102	Inkcitho ngento nganye (2013/14) R'000									
	1. Admin	2. POS	3. Indep	4. Spec	5. FET	6. ABET	7. ECD	8. Infra	9. Aux	Itotali
linkonzo zekhompyutha	21,820	11		50		-	-	-	308	22,189
Cons/prof: linkonzo zoshishini nezeengcebiso	26,895	5,969		1,804		6	-	-	1,644	36,318
Cons/prof: lindleko zomthetho	2,248	-		-		-	-	-	-	2,248
likontraki	8,305	787		-		-	-	0	236	9,328
Ezolonwabo	276	2		-		-	-	-	200	478
linkonzo zezithuthi (<i>fleet services</i>)	-	-		-		-	-	-	2	2
I-inventri (<i>Inventories</i>) : Ukutya nezibonelelo zokutya	6	968		-		-	-	-	-	974
I-inventri : Izibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa	17,739	308,215		4,197		-	5,429	-	783	336,363
I-inventri: Izinto ezisetyenziswayo nezibonelelo	6	37		-		-	-	-	132	175
I-inventri: Izibonelelo ezingamayeza	-	-		-		-	-	-	4,139	4,139
I-inventri: Ezinye izinto ezizi- <i>consumables</i>	67	199		12		-	-	-	412	690
I-inventri: Izinto zokubhala nokuprinta	8,558	5,475		3		715	116	-	24,399	39,266
lintlawulo zengqeshiso	3,045	641		1		-	-	-	4,139	7,826
Inkcitho yemisebenzi eyenziwayo	7,729	860		-		11	-	-	6,750	15,350
lintlawulo zeepropathi	578	67,416		87		-	-	168,673	18,238	254,992
Ukurenta nokuqeshisa	-	24		-		-	-	-	3	27
Uqeqesho noPhuhliso	937	25,392		3,610		-	1,016	-	1,255	32,210
Ukubonelelwa kwabafundi ngezithuthi : Imisebenzi yamasebe	17	187,302		-		-	5,000	-	5	192,324
Uhambo nokuxhaswa ngezimali	17,405	9,780		8,082		91	64	-	32,752	68,174
Iindawo neefasilithi	3,572	8,734		62		175	14	-	8,016	20,573
Inzala nokurentwa komhlaba	-	-	-	-	-	-	-	-	-	-
Inzala										
Irenti yemihlaba										-
lintlawulo kwii-asethi zezemali	4,326									4,326

BT102	Inkcitho ngento nganye (2013/14) R'000									
	1. Admin	2. POS	3. Indep	4. Spec	5. FET	6. ABET	7. ECD	8. Infra	9. Aux	Itotali
Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenk-xaso-mali	43 308	651 668	81 078	126 709	48 798	27 549	329 331		7 027	1,315,468
li-arhente zesebe nee-akhawunti	2	2							5,817	5,821
Amaziko angenzi ngeniso	41,433	623,681	81,078	125,319	48,798	27,549	327,876	-	442	1,276,176
Izikolo zeSiqendu 21 I-LTSM		347,071								347,071
Izikolo zeSiqendu 20		154,340								154,340
Amanye amaziko ezemfundo	41,433	122,270	81,078	125,319	48,798	27,549	327,876		442	774,765
Ezamaxhaya	1,873	27,985		1,390			1,455		768	33,471
Iintlawulo zee-asethi ii-capital assets	62,917	13,870	-	13,268	-	-	-	1,117,877	817	1,208,749
Izakhiwo nezinye izitraksha ezingenakushenxiswa	-	6,000	-	10,112	-	-	-	1,117,698	-	1,133,810
Izakhiwo		0		0				985,396		985,396
Ezinye izitraksha ezingenakushenxiseka		6,000		10,112				132,302		148,414
Oomatshini nezixhobo	60,681	7,870	-	3,156	-	-	-	179	817	72,703
Izixhobo zezothutho										-
Abanye oomatshini nezixhobo	60,681	7,870		3,156				179	817	72,703
I-Software nezinye ii-asethi ezingaphathekiyo	2,236	-								2,236
Itotali ePheleleyo	599,417	11,222,303	81,078	894,743	351,437	37,896	456,576	1,293,371	665,097	15,601,918

1.3. INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho

Ukuncipha kwinkcitho kubangelwe ikakhulu kukufakwa kweprojekthi yeKhanya kwiSebe (*institutionalisation of the Khanya project*) nokunciphiswa kwezithuba zengqesho okube sisiphumo soku.

1.4. IiThagethi zaQho ngeKota zango-2013/14

IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram/Isalathi seNtsebenzo yeProgram		Ithuba lengxelo	Ithagethi yonyaka 2013/2014	IiThagethi zaQho ngeKota			
				1 st	2 nd	3 rd	4 th
PPM101	Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa i-SA SAMS ukubonelela idatha kwisistim kazwelonke yokulandelela abafundi (<i>national learner tracking system</i>)	2013/14	1 459	1 459	1 459	1 459	1 459

2. Iprogram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo

Injongo: Ukubonelela ngemfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela kumaBakala 1 ukuya kwiBakala 12 ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika neWhite Paper 6 emalunga nemfundo ebandakanya bonke abafundi.

Ucazululo ngeprogram nganye:

Ngo-2013 ugxininiso kule program luya kuba kwiisistim eziyimfuneko ekukhuliseni amava okufunda aphuculweyo okuxhasa iinjongo ezintathu zeSebe iWCED.

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2013:

- IziCwangciso zoPhuculo lweSikolo (*School Improvement Plans (SIP)*) apho izikolo zizibekela iithagethi, kumjikelo weminyaka emithathu, kwezo prayorithi ziphambili zidweliswe phantsi kwesicwangciso i-*Action Plan 2014*, kubandakanywa iithagethi zentsebenzo ezifundweni. Ngokwenza lo msebenzi, kuya kuqwalaselwa ngakumbi kwixesha lokufundisa okusemgangathweni, ukulawulwa kwezibonelelo nokunciphisa ukungabikho kootitshala nabafundi esikolweni.
- Uphuhliso lootitshala luya kuthagethwa kwiprogram eqhelekileyo nakwiprogram yeCAPS.
- Ukunika inkxaso isiCwangciso soLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala (*Literacy and Numeracy Strategy*)
- Ukunika inkxaso isiCwangciso seMathematika neFizikhali Sayensi (*Mathematics and Physical Sciences Strategy*)
- Ukubonelelwa ngokwaneleyo ngeencwadi zezifundo, ifanitshala nezixhobo kuya kuqhubeka kuyeyona nto kugxininiswa kuyo. Le program iya kubeka phambili izibonelelo ngokusekelwe kwiimfuno yaye iya kuxhasa iiprayorithi zeSebe iWCED.
- Ukomeleza iisistim zolawulo lweL TSM nokusetyenziswa kwazo ezikolweni nakwizithili zemfundo.
- Uqwalaselo lwawo onke amagosa luya kuba sekunikeni inkxaso izikolo kwiinkalo zemfundo ezithile nezisekelwe kwinkqubo enomahluko ngokumalunga nomhlaba namathuba okwenzeka koku
- Iingxowa-mali neegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango (*Funds ring-fenced under the conditional grants*) ziya kwabelwa ukunika inkxaso yabasweleyo nokwandisa ukwazi ukufikelela kwiinkonzo nasekusebenzeni ngokugqwesileyo. Ezi program zibandakanya iprogram i-*School Nutrition Programme ne-HIV/AIDS*; iprogram yokuxhaswa ngakumbi ngemali kwezikolo zobugcisa neprogram yeDinaledi ukuphucula iziphumo ze-*Mathematics nePhysical Science* neegranti ezimbini zeziseko zophuhliso
- Kuya kugxininiswa ekuhliseni iireyithi zabafundi abaphindayo kuwo onke amabakala, ingakumbi kumaBakala 1 no-9, kwizikolo ezithile ngongenelelo ngoncedo ukunciphisa le meko. Abaphathi beze-*IMG* baya kulandelela iimpawu ezibonisa indlela abaqhuba ngayo abafundi ezifundweni ezikolweni ukususela ekuqaleni konyaka, yaye bazixhase izikolo ekuphuculeni indlela abaqhuba ngayo abafundi ezifundweni.
- Kuya kugxininiswa kumgangatho weBakala R neBakala 1 (makufundwe neProgram 7) – ukuqinisekisa ukuba abantwana bakulungele ukungena kwiBakala 1. Izicwangciso zokutshintsha imeko zeBakala R neBakala 1 ziya kulungiswa kakuhle zomelezwe ngokusekelwe kwiziphumo zeemvavanyo zango-2012
- Ukuqaliswa ngezigaba kwemimiselo nemigaqo-nkqubo kuya kuphucula ngakumbi umgangatho wezemfundo
- Iinqununu zezikolo ziya kuqeqeshwa kulawulo lwezemali, ukuzalisekisa iimbopheleleko zezemali nezolunye uhlobo ngokwesiqendu 16A se-SASA. Kuya kubekwa esweni umsebenzi wolawulo lwezemali ngokunjalo kusetyenziswa isixhobo i-*SIM electronic tool*
- Ngenjongo yokuseka iinkqubo zokuphucula umgangatho weenkonzo zeziko kuwo onke amanqanaba eziko, amagosa nootitshala baya kuqhubeka besiya kwiiiprogram zoqeqesho nophuhliso ezichaphazelekayo.
- Kuya kugxininiswa ekubeni izikolo zibe zizikolo zenkathalo (*caring schools*) apho kuphunyezwa ngokwezigaba i-*Care and Support for Teaching and Learning Framework*. Oku kuya kuphuculwa ngakumbi kukuphunyezwa kwe-*Integrated School Health Programme*
- Kuya kwenziwa kufumaneka izixhobo zezemidlalo ezibalulekileyo kwizikolo eziyi-100, kubandakanywa namaziko nee-30 *MOD Centres*, angenalo naluphi na udidi lwezixhobo. Izikolo ezili-1 000 ziya kuxhaswa ngezimali ukuba zibhalise kumaqela ezemidlalo (*leagues*) ngo-2013.

- Kuya komelezwa amaBhunga aMele aBafundi. Zonke izikolo ezinabafundi abakwiBakala 8 ukuya ku-12 ziya kufumana iifayili ii-RCL *Support files* ezicacisa imisebenzi yee-RCLs nee-Teacher Liaison Officers (TLOs). Uqeqesho luya kuqhutywa ngeempelaveki nangeeholide zesikolo ngokungqinelana neenjongo ze-Quality of Learning and Teaching Campaign (QLTC)
- Ii-opareyitha zeZiko leeFoni leZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Call Centre operators*), aBaququzeleli beZikolo eZikhuselekileyo (*Safe Schools Co-ordinators*) abasezithilini nee-fieldworkers baya kubonelela ngeenkono zenkxaso nononophelo kwizikolo ezichatshazelwe lulwaphulo-mthetho nobundlobongela. Kuya kubakho ugxininiso kwizikolo ekubeni zikhuseleke ngokuzibonelela ngezixhobo eziyimfunekio kwizikolo ezitsha eziyi-50

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 2.1: Izikolo eziziiPrayimari zikaRhulumente

ukubonelela izikolo eziziiprayimari zikarhulumente ezithile ngezibonelelo ezifunekayo kumaBakala 1 - 7

Iiprogram esekelayo 2.2: Izikolo eziziiSekondari zikaRhulumente

ukubonelela izikolo eziziiSekondari ezikhethekileyo zikarhulumente ngezibonelelo ezifunekayo kumaBakala 8 - 12

Iiprogram esekelayo 2.3: Uphuhliso lwaBasebenzi

ukubonelela ngeenkono zesebe zoqeqesho kumsebenzi wokufundisa nolunye uphuhliso lootitshala nabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Iiprogram esekelayo 2.4: Imidlalo yezikolo, iinkono zezenkcubeko nezemidiya

Ayingeni ndawo

Iiprogram esekelayo 2.5: IiGranti ezikhutshwa phantsi kweMiqathango

Ukubonelela iiprojekthi eziphantsi kweiprogram 2 ezicaciswe liSebe leMfundo esiSiseko ezixhaswa ziigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango

2.1. Iinjongo ezicwangciswe ngoBuchule, iZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2013/14

Injongo ecwangciswe ngobuchule 2.1	Ukuqinisekisa ukuba ootitshala bakuxhotyiselwe ukufundisa, oko kusenziwa ngophuhliso lootitshala ekwenzeni umsebenzi abawuqeqeshelweyo oluqhubeka okokoko
Inkcazo yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukulawula i-Workplace Skills' Development Programme yabo bonke abaqeshwa beWCED ngokubonelela ngoqeqesho olufanelekileyo namathuba ophuhliso abo bonke abaqeshwa beSebe iWCED. 2. Ukuququzelela okokoko uphuhliso lootitshala ekwenzeni umsebenzi abawuqeqeshelweyo ukuqinisekisa ukufunda nokufundisa okusemgangathweni eklasini. 3. Ukubonelela ngoqeqesho lwabasenkonzweni (<i>in-service training</i>) namathuba ophuhliso eenkokeli zezikolo e-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI). 4. Ukubonelela ngezinto zokuncedisa ukufunda nezixhobo, imigaqo-nkqubo yoqeqesho neyenza izikolo ziqhube kakuhle nokusa izibonelelo zenkxaso ezikolweni ukwenzela ukuba kukhuliswe ulwazi nezakhono zootitshala ukuqinisekisa ukuba bayafikelela kwiimfuno zokufunda zekharithulam nokumisela isantya sokwenziwa komsebenzi wezifundo. 5. Ukuqinisekisa ukuba abaphathi banobuchule bokuphumeza iNCS ngendlela enempumbelelo. 6. Ukubonelela ngoqeqesho kucazululo lwedatha umz. amanqaku eemvavanyo. 7. Ukuphucula umgangatho wovavanyo eziklasini. 8. Ukuqinisekisa ukuphunyezwa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi. 9. Ukuqinisekisa ukufundisa okusemgangathweni, ukufunda neenkqubo zovavanyo. 10. Ukuphumeza ukuqaliswa kwekharithulam okuyimpumbelelo, ukubeka esweni nokunika inkxaso isistim.

Injongo ecwangciswe ngobuchule 2.2	Ukuqinisekisa ukuba ziyaphucuka iziphumo zolwimi nemathematika ngokusa ezona zibonelelo zininzi (ezingabantu neziyimali) kwiminyaka emithathu yokuqala yokuhamba isikolo.
Inkcazo yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukubonelela ngenkxaso nophuhliso lootitshala kwikhontenti neemethodoloji zeMathematika nezoLwimi ngokusebenzisa indlela yongenelelo ngoncedo yethuba elide eyenzelwa ezikolweni yazo zonke izikolo. 2. Ukubonelela ngezibonelelo zokuxhasa ukufunda nokufundisa ukomeleza uLwimi neMathematika. 3. Ukubhalisa iimvavanyo zenkqubo yezemfundo zeSebe iWCED kubafundi bamaBakala 3, 6 no-9. 4. Ukusebenzisa amanqaku eemvavanyo zenkqubo yezemfundo yeSebe iWCED, kwakunye ne-Annual National Assessments, ukunika isikhokelo amaphulo ongenelelo ngoncedo nokubonelwa kwezibonelelo. 5. Ukuqeqesha amalungu eSMT ekutolikeni iziphumo ukwenzela ukuba kubenako ukuqaliswa amanyathelo okulungisa undonakele apho kuyimfuneko.
Injongo ecwangciswe ngobuchule 2.3	Ukuqinisekisa ulawulo olugqwesileyo lwezikolo
Inkcazo yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ii-ofisi zezithili zemfundo ziya kunika inkxaso izikolo ngeenkondo eziziindidi ezifanelekileyo 2. Kwisikolo ngasinye kwiphondo, ootitshala nabaphathi baya kuba namabanga emfundo, ulwazi nezakhono zokufundisa izifundo ababelwe zona ukwenzela ukuba ukufunda kube kwinqanaba eliphezulu. 3. Iimvumelwano zentsebenzo, iithagethi namanye amanyathelo okuphendula ngokuqhubekayo (<i>accountability measures</i>) neesistim eziya kulungiselelwa iimeko zosetyenziso ukuqinisekisa ukuba bonke abo bakunxibelelwano lokunika impendulo ngokuqhubekayo banolwazi ngeembopheleleko zabo, baya kuyamkela imisebenzi eluxanduva lwabo ngenxa yeengxaki nokungaphumeleli ukuthatha amanyathelo okulungisa ezo ngxaki.
Injongo ecwangciswe ngobuchule 2.4	Ukuqinisekisa ukuba iklasi nganye inezibonelelo zokufunda ezininzi eziziincwadi nezinye izinto.
Inkcazo yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukujongana nokuqaliswa kokubonelelwa kwabafundi ngeencwadi ukunika inkxaso ukufundisa nokufunda eklasini. Oku kuya kubandakanya iincwadi zokufunda, iincwadi zezifundo kwiSigaba seSiseko neencwadi zokunika inkxaso ukuphunyezwa kwekharithyulam. 2. Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwiziseko zophuhliso ze-ICT neesistim 3. Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwi-digital content kwabafundi, kootitshala nabasebenzi abase-ofisini. 4. Ukunika izikolo uluhlu lwe-software ecetyiswayo. 5. Ukubonelela ngokwazi ukufikelela kwabaphathi beSebe iWCED, kwamagosa, kootitshala nabafundi kwingcaciso ekwikhompuyutha neprintiweyo (<i>digital, electronic and print information</i>). 6. Ukuphuhlisa nokunika inkxaso kwiinkqubo zeelayibrari ezigqwesileyo neethekhinoloji zengcaciso.
Injongo ecwangciswe ngobuchule 2.5	Ukubonelela ngeeprogram zokutya namanye amanyathelo okuphelisa intlupheko nawokhuseleko athagethiweyo
Inkcazo yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukubonelela ngokutya okunesondlo yonke imihla kwabona bafundi bathwaxwa mpela yintlupheko. 2. Ukuqinisekisa ukuba inkxaso “yezikolo ezingabizi zifizi” iyaqhubeka yaye iyandiswa kangangoko izicelo nenkxaso zikuvumela oko. 3. Ukuqinisekisa ukuba abafundi abasemngciphekweni (<i>vulnerable</i>) banikwa inkxaso ngeeprogram zesikhokelo samakhondo omsebenzi namanye amaphulo okuthintela ukuyeka isikolo bengagqibanga okanye ukuba babe ngamaxhoba okutshatyalaliswa zizihlava zasentlalweni. 4. Ukugxininisa ngokubanzi kukhuseleko lootitshala, lwabafundi nabasebenzi abanika inkxaso nokhuseleko lweprophathi ngeeprogram ezenzelwe ukudala iindawo ezikhuselekileyo nezisemgangathweni ezixhasa ukufundisa nokufunda.
Injongo ecwangciswe ngobuchule 2.6	Ukuqinisekisa ukuba kubonelelwa ngootitshala ukwenzela ukuba kungqinelwane neempawu ezibonisa ukwanda kwabantu (<i>demographic trends</i>).
Inkcazo yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukubonelela ngenkonzo yokucwangcisa iCandelo lezaBasebenzi (<i>HR planning</i>) nenkonzo yokuphunyezwa ukuqinisekisa ukuba izigqibo ezingokuqeshwa kwabasebenzi zisekelwe kubungqina. 2. Ukubonelela ngezintlu zezithuba zengqesho ezi-4 ngonyaka ukuqinisekisa ukufakwa kootitshala kwizithuba ngokufanelekileyo. 3. Ukwazisa izikolo ngoSeptemba kunyaka ngamnye ngokwabelwa kwazo izithuba zengqesho okulungiselela unyaka olandelayo.

Isishwankathelo sezinto ezingayingxaki		
Injongo	Izinto ezingayingxaki	Isisombululo esicetyiswayo
<p>Injongo ecwangcise ngobuchule 2.1: Ukuqinisekisa ukuba ootitshala bakuxhotyiselwe ukufundisa, oko kusenziwa ngophuhliso lootitshala ekwenzeni umsebenzi abawuqeqeshelweyo oluqhubeka okokoko</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuqaphela abo bafuna kakhulu ukuphuhliswa • Ukufumana ixesha elifanelekileyo lophuhliso • Ukubonelela ngeekhosi ezilungiselelwe iimfuno ezahlukeneyo 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukusebenzisa iziphumo zezikolo ukujonga ukuba ngoobani na amabaye kuqeqesho olulodwa lokunika inkxaso • Ukubonelela ngeekhosi kuphela emva kweeyure zokufundisa okanye ngendlela esetyenziswa yi-CTLI yokubonelela ngootitshala ababambeleyo abaza kufundisa • Ukuvelisa iiprogram ezinokutshintsheka nezisekelwe kwiimfuno
<p>Injongo ecwangcise ngobuchule 2.2.: Ukuqinisekisa ukuba ziyaphucuka iziphumo zoLwimi neMathematika ngokusa ezona zibonelelo zininzi (ezingabantu neziyimali) kwiminyaka emithathu yokuqala yokuhamba isikolo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Ukungaphumeleli ukulungiselela ngokupheleleyo abo banezithintelo ekufundeni • I-LTSM ebonelelwayo ayisetyenziswa kunye/okanye ayigcinwa kakuhle • Ulawulo olukumgangatho ophantsi esikolweni lobhaliso lwabafundi, ukuqeshwa kootitshala nabasebenzi, ukwenziwa kwethayimthebhile, ukufundiswa kwekharityhulam nokuhamba isikolo • Uqeqesho lootitshala olunganelanga 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukubonelela ngoqeqesho olufanelekileyo nangoxininiso ngakumbi kwizikolo ezinemfuno enkulu • Ukuqinisekisa ukuba izikolo zineesistim zokukhathalela iincwadi nezokuba zibuyiswe ngabafundi ekupheleni konyaka • Ukugininisa kwimiba yolawulo ngeziCwangciso zoPhuculo lweSikolo, ukunika inkxaso, ukubeka esweni neenkqubo zokukwazi ukuphendula ngokuqhubekayo nokugininisa ngakumbi kwizikolo eziqhuba kakubi. • Ukuqinisekisa ukuba uqeqesho lolomgangatho ophezulu yaye lubonelela ngeekhosi zokuzihlaziya zootitshala eziqhubeka okokoko.
<p>Injongo ecwangcise ngobuchule 2.3.: Ukuqinisekisa ulawulo olugqwesileyo ezikolweni.</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuqeshwa kwabantu abangafanalekileyo (ababekho ngaphambili okanye abatsha) • ISebe iWCED alinabaqeshwa bafanelekileyo okanye alizilungiselelanga kakuhle ukunika inkxaso nolawulo olwaneleyo • Iingxaki zolawulo ezininzi kakhulu nexesha/izakhono ezinganelanga zolawulo lwekharityhulam • Imingeni ekuhambeni isikolo ngenxa yezihlala zasentlalweni 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukunika inkxaso abaphathi nokubenza baphendule ngokuqhubekayo • Ukuphumeza amanyathelo okuqinisekisa ukuqeshwa kwabona bantu bafanalekileyo • Ukuncedisa abaphathi abatsala nzima kulawulo lwexesha nokuqalisa iinkqubo zophuculo lwezolawulo nekharityhulam • Ukubonelela ngesikhokelo nangenkxaso kwezintlole nakwiimeko ezikhathazayo ngokusebenzisa iinkqubo zenkxaso ezichazwe kwiProgram 2 no-4.
<p>Injongo ecwangcise ngobuchule 2.4.: Ukuqinisekisa ukuba iklasinganye inezibonelelo zokufunda ezininzi eziziincwadi nezinye izinto. (<i>classroom is text-rich</i>).</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Iindleko – kubandakanywa neendleko zokuhlaziya iincwadi • Ukungakhathali/ulawulo olungekho mgangathweni • Iincwadi ezifanelekileyo ngolwimi lwabafundi 	<ul style="list-style-type: none"> • Iindleko ezibhajethelweyo, neenkqubo zokudola ezindawonye kuthelakiswa namaxesha apapashwe kwangaphambili ukugcina iindleko ziphantsi • Kufuneka izikolo zibeneenkqubo zokubuyiswa kweencwadi ngabafundi ezisebenza ngempumelelo • Ukuqatshelwa kweencwadi ezifanalekileyo ngolwimi olukhethwayo
<p>Injongo ecwangcise ngobuchule 2.5.: Ukubonelela ngeeprogram zokutya namanye amanyathelo okuphelisa intlupheko nawokhuseleko athagethiweyo</p>	<ul style="list-style-type: none"> • Ulawulo lomgangatho/ lobungakanani bokutya • Ixesha lokutyisa abafundi • Izoyikiso ezinabileyo kukhuseleko nezisuka zivele zingaziwa • Imfuno emandla yenkxaso ngokwasengqondweni nasentlalweni 	<ul style="list-style-type: none"> • Imigqaliselo engqongqo emalunga nomgangatho nobungakanani bokutya nokukubeka esweni nolawulo lwako olusemgangathweni • Abafundi mabatyiswe kusasa ukwenzela ukuba banikwe isiqalo esisemngathweni yaye oko makungaphazamisani nexesha lokufundisa. • Imigaqo-nkqubo neesistim ezisebenza ngempumelelo nothintelo olululo nongenelelo ngoncedo nenkxaso yokwenene nesuselwa kwiimfuno • Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zine-<i>Institutional Level Support Team (ILST)</i> esebenza kakuhle

Isishwankathelo sezinto ezingayingxaki		
Injongo	Izinto ezingayingxaki	Isisombululo esicetyiswayo
Injongo ecwangciswa ngobuchule 2.6.: Ukuqinisekisa ukuba kubonelelwa ngootitshala ukwenzela ukuba kungqinelwane neempawu ezibonisa ukwanda kwabafundi.	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuqikelela amanani obhaliso • Ukuqesha ootitshala abaqeqeshiweyo ezikolweni nabanda ngokukhawuleza okanye ekuzima ukuqikelelwa 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukusetyenziswa kwedatha ukuqikelela amanani obhaliso apho kunokwenzeka • Ukuqinisekisa ukuba ikhona imali elungiselelwe ukuqeshwa kootitshala bokunika uncedo (<i>relief teachers</i>) nezicwangciso zokugaya ootitshala abagqibeleleyo

Izalathi zeNtsebenzo yeProgram	Intsebenzo ephicothiweyo/Eyiyo kanye			2012/13	Iithagethi zethuba eliphakathi		
	2009/10	2010/11	2011/12		2013/14	2014/15	2015/16
2.1. Ipesenti yabafundi abagcinwe kwinkqubo yesikolo ukususela kumaBakala 10 – 12	53%	56.7%	57%	61%	62%	63%	64%
2.2. Inani lezikolo ezongezelelweyo ezikhuselwe nge-alam eqhagamshelwaniswe ne-armed response, ezine-burglar bars, nee-stone guards ezifestileni.	50	50	50	50	50	50	50
2.3. Inani leebhasari ezinikwe abafundi abafanelekileyo ngokweemfuno zabo (<i>deserving students</i>), kwiminyaka emi-4 yokufunda okumiselweyo kwii-HEIs.	120	137	114	200	200	200	200

2.2. Ukungqinelanisa iiThagethi zentsebenzo neBhajethi neMTEF

BT 201	Imfundo yeSikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo – limpawu eziphambili					
	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eyiyo kanye	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo	2015/16 Eqikelelweyo
lintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)*						
2.1 Izikolo eziziprayimari zikarhulumente	5,241,241	5,741,001	6,028,831	6,497,717	6,894,055	7,411,648
2.2 Izikolo ezizisekondari zikarhulumente	3,311,542	3,693,241	3,993,087	4,325,526	4,605,170	4,891,658
2.3 Uphuhliso lwezakhono zabasebenzi	87,620	86,181	88,818	112,295	117,800	123,220
2.4 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	173,028	245,336	273,362	286,765	305,756	323,813
Itotali	8,813,431	9,765,759	10,384,098	11,222,303	11,922,781	12,750,339
lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)						
lintlawulo zaNgoku	8,346,655	9,129,844	9,819,189	10,556,765	11,200,175	11,997,719
Imbuyiselo yabaqeshwa	7,635,610	8,346,726	8,967,371	9,641,600	10,228,730	10,967,810
- Ootitshala	6,872,049	7,512,053	8,070,634	8,677,440	9,205,857	9,871,029
- Abangezotitshala	763,561	834,673	896,737	964,160	1,022,873	1,096,781
limpahla neenkono nokunye (<i>current</i>)	711,045	783,118	851,818	915,165	971,445	1,029,909
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	465,475	629,374	558,035	651,668	708,056	737,402
lintlawulo zee-asethi ii- <i>capital assets</i>	1,301	6,541	6,874	13,870	14,550	15,218
Itotali	8,813,431	9,765,759	10,384,098	11,222,303	11,922,781	12,750,339

BT 202	Izikolo zikarhulumente eziziprayimari eziqhelekileyo – limpawu eziphambili					
	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eyiyo kanye	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo	2015/16 Eqikelelweyo
lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)						
lintlawulo zaNgoku	4,949,736	5,389,935	5,682,296	6,104,715	6,455,697	6,955,732
Imbuyiselo yabaqeshwa	4,675,110	5,112,583	5,376,577	5,788,709	6,102,347	6,571,737
- Ootitshala	4,254,349	4,652,450	4,838,919	5,209,838	5,492,112	5,914,563
- Abangezotitshala	420,761	460,133	537,658	578,871	610,235	657,174
limpahla neenkonzokunye (<i>current</i>)	274,626	277,352	305,719	316,006	353,350	383,995
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	291,491	351,066	342,546	388,806	433,956	451,312
lintlawulo zee-aseti ii- <i>capital assets</i>	14	0	3,989	4,196	4,402	4,604
Itotali	5,241,241	5,741,001	6,028,831	6,497,717	6,894,055	7,411,648

BT 203	Izikolo eziziiSekondari zikaRhulumente –limpawu eziphambili					
	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eyiyo kanye	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo	2015/16 Eqikelelweyo
lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)						
lintlawulo zaNgoku	3,134,667	3,445,758	3,806,169	4,113,677	4,380,596	4,657,372
Imbuyiselo yabaqeshwa	2,951,214	3,224,025	3,576,991	3,838,110	4,110,615	4,379,309
- Ootitshala	2,656,092	2,901,622	3,219,292	3,454,299	3,699,554	3,941,378
- Abangezotitshala	295,122	322,403	357,699	383,811	411,061	437,931
limpahla neenkonzokunye (<i>current</i>)	183,453	221,733	229,178	275,567	269,981	278,063
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	176,642	247,084	186,918	211,849	224,574	234,286
lintlawulo zee-aseti ii- <i>capital assets</i>	233	399	0	0	0	0
Itotali	3,311,542	3,693,241	3,993,087	4,325,526	4,605,170	4,891,658

BT 204	ISikolo sikaRhulumente esiQhelekileyo-izibonelelo ezenziwe ngemimiselo yenkxaso-mali yezikolo (2013/14)			
Iiprogram/Imeko yazo ngokomthetho/Amanqanaba entlupheko	Izikolo	Inkcitho ePheleleyo (R'000)	Abafundi	Inkcitho ngomfundi ngamnye R
2.1 Izikolo eziziprayimari zikarhulumente				
Izikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21	255	125,265	159,628	785
Inqanaba 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	51	18,490	18,277	1,010
INqanaba 2	48	41,384	40,974	1,010
INqanaba 3	47	35,031	34,684	1,010
INqanaba 4	68	22,829	39,960	571
Inqanaba 5 (ezihlwempuzeke kancinane)	41	7,531	25,733	293
Izikolo zeSiqendu 21	832	263,404	438,370	601
Inqanaba 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	240	47,214	46,648	1,010
INqanaba 2	87	51,360	50,851	1,010
INqanaba 3	80	57,497	56,928	1,010
INqanaba 4	172	71,279	126,472	564
Inqanaba 5 (ezihlwempuzeke kancinane)	253	36,053	157,471	229
Itotali	1,087	388,669	597,998	650
2.2 Izikolo eziziisikondari zikarhulumente				
Izikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21	95	74,383	94,502	787
Inqanaba 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	11	11,451	11,338	1,010
INqanaba 2	16	18,445	18,262	1,010
INqanaba 3	26	29,479	29,187	1,010
INqanaba 4	20	8,186	15,739	520
Inqanaba 5 (ezihlwempuzeke kancinane)	22	6,823	19,976	342
Izikolo zeSiqendu 21	270	127,782	244,151	523
Inqanaba 1 (ezona zihlwempuzekileyo)	11	12,024	11,905	1,010
INqanaba 2	12	13,594	13,459	1,010
INqanaba 3	40	38,995	38,609	1,010
INqanaba 4	66	33,213	64,078	518
Inqanaba 5 (ezihlwempuzeke kancinane)	141	29,956	116,100	258
Itotali	365	202,165	338,653	597
Itotali yezikolo ezingekho phantsi kweSiqendu 21	350	199,648	254,130	786
Itotali yezikolo zeSiqendu 21	1,102	391,186	682,521	573
Itotali yeNqanaba 1	313	89,180	88,168	1,010
Itotali yeNqanaba 2	163	124,781	123,546	1,010
Itotali yeNqanaba 3	193	161,002	159,408	1,010
Itotali yeNqanaba 4	326	135,507	246,249	550
Itotali yeNqanaba 5	457	80,363	319,280	252
Itotali ePheleleyo	1,452	590,834	936,651	631
Iiprogram 2 (Ibhajethi eyi-personnel non-capital budget)		1,566,833		
Inqanaba lezona zihlwempuzeke kakhulu ('top-slicing')		33.1%		

IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram yeProgram 2	2010/11 Eyiyokanye	2011/12 Eyiyokanye	2012/13 Eqikelelwe yo	2013/14 Eqikelelwe yo	2014/15 Eqikelelwe yo	2015/16 Eqikelelwe yo
▶ PPM201: Inani labafundi ababhaliswe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	919 936	921 776	934 992	940 000	945 000	950 000
▶ PPM202: Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	28 695	28 842	28 800	28 800	28 850	28 900
▶ PPM203: Inani labangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	6 681	6 470	6 900	6 900	6 900	6 900
▶ PPM204: Inani labafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhamlayo kumgaqo-nkqubo weZikolo “ezingaBizi ziFizi”	365 112	368 142	368 226	371 122	371 122	371 122
▶ PPM205: Inani labafundi abaxhamlayo kwi-National School Nutrition Programme (NSNP)	415 829	426 707	427 526	427 526	430 000	432 000
▶ PPM206: Inani labafundi abaxhamlayo kwiskim sothutho lwabafundi	48 786	50 992	50 526	50 000	50 000	50 000
▶ PPM207: Inani labafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo ababhalise kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	12 691	6 973 ²	7 596	7 600	7 600	7 600
▶ PPM208: Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa ³	39	11	12	8	8	8
▶ PPM209: Inani lezikolo ezihanjelwe kwaba kanye ubuncinane ngekota ngumphathi wesekethe	1 453	1 514 ⁴	1 532	1 533	1 543	1 547

2.3. INtsebenzo neeMpawu zeNkcitho:

Iprogram esekelayo 2.1 no-2.2: Izikolo eziziprayimari nezizisekondari zikarhulumente

Ukwanda kwenkcitho kubangelwe ubukhulu becala kukuphuculwa kweemeko zengqesho nokuhla nokunyuka kwamandla emali (*inflation*).

Iprogram esekelayo 2.3: Uqeqesho lootitshala

libhasari zabafundi abangootitshala ziphantsi kwale program isekelayo.

Iprogram esekelayo 2.4: Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango

Ukwanda kwenkcitho kubangelwe kukunyuka kweGranti ezikhutshwa phantsi kweMiqathango zecandelo.

² Inkcazo ngokhubazeko yatshintshwa kwi-Annual School Survey ngo-2011/12

³ Oku kubhekiselele kwinani lezikolo eziza kusekwa kunyaka ochaziweyo

⁴ Inani elitshintshiweyo malibandakanye izikolo zeemfuno zemfundo ezizodwa

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka 2013/14 – 2014/15

2.4 IiThagethi zaQho ngeKota zango-2013/14

IMilinganiselo/IZalathi zeNtsebenzo yeeProgram		Ithuba lengxelo	Ithagethi yonyaka 2013/2014	IiThagethi zaQho ngeKota			
				1 st	2 nd	3 rd	4 th
PPM 202	Inani lootitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	Qho ngekota	28 800	28 800	28 800	28 800	28 800
PPM 203	Inani labangezotitshala abaqeshwe kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	Qho ngekota	6 900	6 900	6 900	6 900	6 900
PPM 205	Inani labafundi abaxhamlayo kwi- <i>National School Nutrition Programme (NSNP)</i>	Qho ngekota	427 526	427 526	427 526	427 526	427 526
PPM 206	Inani labafundi abaxhamlayo kwiskim sothutho lwabafundi	Qho ngekota	50 000	50 000	50 000	50 000	50 000
PPM 209	Inani lezikolo ezihanjelwe kwaba kanye ubuncinane ngekota ngumphathi wesekethe	Qho ngekota	1 532	1 532	1 532	1 532	1 532
PPI 2.4	Ukungabikho kootitshala kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kucaciswa njenge-%	Qho ngekota	4%	4%	4%	4%	4%
PPI 2.5	Ukungabikho kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo kucaciswa njenge- %	Qho ngekota	7%	7%	7%	7%	7%
PPI 2.6	Inani lootitshala kumaBakala R - 12 abaya kwiiprogram zoqeqesho zekharityhulm ezimiselweyo e- <i>Cape Teaching and Leadership Institute</i>	Qho ngekota	1470	300	520	250	400
PPI 2.7	Inani lamalungu eekomiti zolawulo lesikolo aqeqeshwe e- <i>Cape Teaching and Leadership Institute</i>	Qho ngekota	750	140	380	30	200

3. Iprogram 3: linkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo

Injongo: Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika

Ucazululo lweprogram nganye:

Kukho iindidi ezimbini zezikolo ezizimeleyo: ezo zenzela abahlali abahlwempuzekileyo iinkonzo yaye zifumane inkxaso-mali kwiSebe iWCED kwakunye nezo zingayifumaniyo, kodwa zibe zibhalise phantsi kweSebe iWCED.

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2013:

- Ukuphunyezwa kwemimiselo ka-2012 ngokumalunga nezikolo ezizimeleyo kuya kuqhutyekwa nokubekwa esweni ngo-2013. linkalo ekuya kugxininiswa kuzo ziquka kodwa zingaphelelanga kwiimfuno ezingummiselo zobhaliso, nemiqathango olunokurhoxiswa phantsi kwayo ubhaliso; ubhalisela abafundi iimviwo; ukubeka esweni nokwazi ukufikelela nemimiselo emalunga neenkxaso-mali. Izikolo ezingekabhalisi sele zixelelwe ukuba zihlangabezane neemfuno ezimiselayo ezisaseleyo. Izikolo ezitsha mazibhalise ungadlulanga owama-30 Juni kunyaka ongaphambi kwalowo wandulela ukuqalisa kwazo ukusebenza. linkcukacha zezikolo ezibhalisiweyo ziya kupapashwa qho ngonyaka kwiziko lewebhu leSebe iWCED nakumajelo emidiya ephondo (*province's print media*). Le nkqubo yaqalwa ngo-2012
- Ukwandisa iphulo lenkxaso ukuqinisekisa ukuba abazali banolwazi oluchanekileyo ngokubhaliswa kwezikolo ezizimeleyo
- Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo ezizimeleyo zenza iSaveyi iSNAP neSaveyi yeZikolo yaQho ngonyaka (*Annual School Survey*)
- lintlawulo zeenkxaso-mali
- Ukutyelelwa kwezikolo ukuzinika inkxaso.
- Ukuqinisekisa ukuba ezo zikolo zifumana inkxaso-mali zibhala iiMvavanyo zikaZwelonke zaQho ngoNyaka
- Ukucela nokunika inkxaso uthatho-nxaxheba lwezikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngezimali nezingaxhaswa ngezimali kwiprogram yovavanyo yeSebe iWCED kumaBakala 3, 6 no-9
- Ukucela ootitshala bezikolo ezizimeleyo ukuba baye kwiikhosi zoqeqesho zeSebe iWCED
- Ukuququzelela nokunika ingxelo ngenkxaso yeSebe iWCED kwiZikolo eziZimeleyo
- Ukubeka esweni rhoqo iZikolo eziZimeleyo,ingakumbi ezo zifumana inkxaso-mali, ukukhuthaza uphuculo lomgangatho wazo.
- Ukuphanda izikhalazo okanye iinkxalabo okanye kuphandwe ngeendima zokumelwa kukuphendula ngokuqhubekayo
- Ukukhupha ezincwadini zobhaliso iZikolo eziZimeleyo ezingayithobeliyo imigqaliselo ecacisiweyo emva kokunikwa inkxaso efunekayo kwezi zikolo
- Ukuthatha inxaxheba kwiiforam zikazwelonke ezijongene neZikolo eziZimeleyo ukwenzela ukufaka igalelo ekulungiseni mpela imigaqo-nkqubo nokuphunyezwa kwayo kwicandelo lazo.
- Ukuqaphela izikhewu kwiMimiselo elawula iZikolo eziZimeleyo kwiphondo ukwenzela ukuba zilungiswe

Iiprogram ezisekelayo

Iiprogram esekelayo 3.1: ISigaba seSiseko

ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kumaBakala 1-7

Iiprogram esekelayo 3.2: ISigaba seSiseko

ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kumaBakala 8-12

3.1. Iinjongo ezicwangciswe ngoBuchule, iZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neeThagethi zoNyaka zango-2013/14

IPROGRAM 3: INJONGO ECWANGCISWE NGOBUCHULE	
Injongo ecwangciswe ngobuchule 3.1	Ukunika inkxaso izikolo ezizimeleyo ngokungqinelana nomthetho ofanelekileyo ukuqinisekisa imfundo esemgangathweni kubafundi kwezi zikolo
Inkcazo yenjongo	<p>1. Ukuqinisekisa, ngokubekwa esweni nokunikwa inkxaso rhoqo kweli candelo, nokuba bonke abafundi bafumana imfundo engqinelana neNkcazo yeKharithyulam kaZwelonke, ukuba zonke izikolo ezizimeleyo zibhalisiwe kwaye ziyazanelisa iimfuno ezizezona zisezantsi zemithetho efanelekileyo.</p> <p>2. Ukubonelela ngenkxaso-mali izikolo ezenzela iinkonzo abahlali abathwaxwa yintlupheko.</p> <p>3. Ukubonelela izikolo ezizimeleyo ngeenkxaso-mali, ezibalwe ngokuchanekileyo nangexesha.</p>

Isishwankathelo sezinto ezingayingxaki		
Injongo ecwangciswe ngobuchule 3.1	Izinto ezingayingxaki	Isisombululo esicetyiswayo
Ukunika inkxaso izikolo ezizimeleyo ngokungqinelana nomthetho ofanelekileyo ukuqinisekisa imfundo esemgangathweni kubafundi kwezi zikolo	<ul style="list-style-type: none"> Izikolo ziyasilela ukufikelela kwimigqaliselo yomgangatho eyimfuneko 	<ul style="list-style-type: none"> Ukuqinisekisa ukuba amanyathelo okubeka esweni afanelekileyo ayacaciswa yaye ayasetyenziswa

3.2. Ukungqinelanisa iiThagethi zeNtsebenzo neBhajethi neMTEF

BT301	Inkxaso-mali enikwa izikolo ezizimeleyo –limpawu eziphambili					
	2010/11 Eyiyo kanye	2011/12 Eyiyo kanye	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo	2014/15 Eqikelelweyo	2015/16 Eqikelelweyo
lintlawulo ngeprogram esekelayo nganye (R'000)*						
3.1 Isigaba sePrayimari	24,015	28,563	29,609	48,475	50,846	53,185
3.2 Isigaba seSekondari	35,681	34,991	43,088	32,603	34,649	36,243
Itotali	59,696	63,554	72,697	81,078	85,495	89,428
lintlawulo ngokokuhlelwa kwezoqoqosho (R'000)*						
lintlawulo zaNgoku	0	0	0	0	0	0
Imbuyiselo yabaqeshwa	0	0	0	0	0	0
limpahla neenkonzoko nokunye (<i>current</i>)	0	0	0	0	0	0
lintlawulo ezenziwa ngoomatshini neenkxaso-mali	59,696	63,554	72,697	81,078	85,495	89,428
lintlawulo zee-asethi ii- <i>capital assets</i>	0	0	0	0	0	0
Itotali	59,696	63,554	72,697	81,078	85,495	89,428
► IMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram yeProgram 3						
► PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali kwizikolo ezizimeleyo	16 625	17 330	18 284	19 300	20 300	21 300

BT 302		linkxaso-mali kwiZikolo eziZimeleyo –Izibonelelo ezikhutshwa ngokwemimiselo yenkxaso-mali yezikolo (2013)		
Inqanaba lenkxaso-mali	Iprayimari/ iSekondari lindidi	Inkcitho ePheleleyo (R'000)	Abafundi	Inkcitho ePheleleyo R
60 (kwinqanaba lezona zihlwempuzekileyo)	Iprayimari - 25	25 679	4 572	5 617
	ISekondari - 20	18 374	2 817	6 523
40	Iprayimari - 14	6 115	1 633	3 744
	ISekondari - 14	6 114	1 406	4 349
25	Iprayimari - 20	5 509	2 354	2 340
	ISekondari - 14	4 213	1 550	2 718
15	Iprayimari - 28	2 782	1 981	1 404
	ISekondari - 7	1 331	816	1 631
0 (ezihlwempuzeke kancinane)	Iprayimari - 3	NIL	763	NIL
	ISekondari - 1	NIL	49	NIL
Itotali		70 117	17 941	

3.3. INTsebenzo neMpawu zeNkcitho

Iprogram esekelayo 3.1 no-3.2: IZigaba zezikolo eziziiPrayimari neziziSekondari

Ukwandisa inkcitho ngenxa yokuhla nokunyuka kwamandla emali nokukhula kwamanani abafundi kweli candelo.

3.4 IiThagethi zaQho ngeKota zango-2013/14

Azikho

4. IProgram 4: IZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Injongo: Ukubonelela ngemfundo kawonke-wonke enyanzelekileyo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngokungqinelanayo noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika ne*White Paper 6 on Special Needs Education: Building an Inclusive Education and Training System*

Ucazululo lweprogram nganye:

linkalo eziphambili ekujoliswe kuzo ngo-2013:

Kuya kugxininiswa ekwandisweni nasekuphunyezeni kwesicwangciso sokuza kwenziwa ngokunxulumene nayo nganye yeengongoma ezilishumi ezikwasicwangciso seSebe iWCED soKomeleza iNkxaso kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa (WCED plan for Strengthening Specialised Education Support).

1. Ukomeleza iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ngokunika uqeqesho olongezelelweyo ootitshala nabasebenzi, ukubonelela ngezixhobo zokufundisa, ukuqinisekisa umgangatho nokwaziswa ngezona ndlela zibhetele zokufunda nokufundisa

- Ukusetyenziswa kobalo olwenziwe yi-DBE lweZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa, kunye nokuqokelelwa kwedatha ngaphakathi kwiSebe iWCED, eza kusetyenziswa njengeyandlalela ubalo, ukwenzela ukubonelela inkxaso nokuxhobisa izikolo ngokweemfuno zazo
- Ukwenza uVavanyo lweSikolo siPhela lwezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezikhethiweyo nokuqinisekisa ukuba iingcebiso ezinikiweyo ziyaphunyezwa
- Ukwenza ubalo lweziseko zophuhliso nokuhlela ngokutsha iiprayorithi zeeprojekthi zophuhliso lweziseko ngokungqinelana neziphumo zobalo
- Ukomeleza ukusebenza kwezikolo zezakhono ezikhoyo kubandakanywa nokubekwa emgangathweni ofanayo (*standardisation*) kwekharithulam novavanyo lwabafundi
- Ukuphumeza iingcebiso zophando olwenziwe kwimfundo yabazizithulu
- Ukungiselela iintlanganisano/oomasifundisane zamacandelo amaqela eMfundo eneeMfuno eziZodwa ngenjongo yokuququzela amacandelo, yokwabelana ngeyona ndlela ibhetele yokufundisa, njl. njl.
- Ukubonelela ngeZixhobo zokuNcedisa neThekhnoloji yeNgcaciso noNxibelelwano ukwenzela ukuphucula imfundo yabo banokhubazeko okanye baneengxaki ekufundeni

2. Ukumana kusandiswa ukutshintshwa kweZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa zibe ngamaZiko okuNika uNcedo (*Resource Centres*) eZikolo eziBandakanya bonke abafundi nawezinye iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

- Ukuqinisekisa ukuba zonke iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa zenza umsebenzi weZiko lokuNika uNcedo nokuba amaZiko okuNika uNcedo eMfundo eneeMfuno eziZodwa kunye nekomiti ejongene nemiba ngemiba yeekomiti zokuxhasa imfundo ebandakanya bonke abafundi kwizikolo eziqhelekileyo, kugxininiseke kwizikolo ezinika iNkonzo ePheleleyo/kwizikolo ezibandakanya bonke abafundi
- Abasebenzi abanika inkxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa nakumaZiko okuNika uNcedo eMfundo eneeMfuno eziZodwa enza iinkonzo ezifikelela eluntwini

3. Ukuthagetha ukubonelela ngeendawo ezongezelelweyo kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa zabafundi abaqatshelwe njengabafuna inkxaso ephezulu kwiinkalo apho ukubonelelwa kwayo kunqongopheleyo okanye kwiindidi zokhubazeko apho kukho ukunqongophala kweendawo nokwenza iiprogram ezifanelekileyo zabafundi abangekho sesikolweni abafuna inkxaso

- Ukomeleza nokuphucula inkqubo yovavanyo nokudlulisela kwiingcali abafundi ukuqinisekisa ukufakwa ngokufanelekileyo nangempumelelo kwinkqubo
- Ukucazulula iindawo zeengcali kwisithili ngasinye, kwisekethe nakwisikolo ukuqaphela izinto eziqhubekayo nokuqalisa ngamanyathelo okulungisa apho kuyimfuneko

- Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zinolwazi ngenkxaso eqhubekayo, esezantsi kwizikolo zabafundi ngokubanzi (*mainstream schools*), ephakathi kwizikolo ezinika inkonzo epheleleyo/kwizikolo ezibandakanya bonke abafundi (*full-service/ inclusive schools*) nephezulu kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa
- Ukujonga inqanaba lenkxaso efunekayo kubafundi abakwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi bafakwe ezikolweni ngendlela efanelekileyo (*appropriately placed*)
- Ukuqalisa amanyathelo enzelwe ukuncedisa kwinkxaso yaBantwana abakhubazekile kaKhulu ngokwase-Ngqondweni noluQaphelekayo (*Children with Severe and Profound Intellectual Disability*) (CSPID)) abakumaZiko oNonophelo oluLodwa (*Special Care Centres*) njengangoku. Bekunye nawo onke amaphondo bancedise iDBE ekuqulunqeni umgaqo-sikhokelo ongaBantwana abakhubazekile kaKhulu ngokwase-Ngqondweni noluQaphelekayo. Ukuququzelela iforam ebandakanya onke amasebe yephondo yeCSPID

4. Ukomeleza ukwazi kwezikolo ukuqwalasela nokusombulula izithintelo ekufundeni nokuxhasa abafundi ababuthathaka

- Ukubonelela ootitshala nabaphathi ulwazi nezakhono malunga neenkqubo ezizintlobo ngeentlobo zokufunda nokufundisa, ngokwenjenjalo kuncitshiswe iziganeko zokungafakwa kwizifundo (*exclusion*) nokudluliselwa kwinkonzo yeengcali
- Ukubonelela ngeNkxaso kwiKharityulam nasekuFundeni ukwenzela ukuphucula iinkqubo zongenelelo ngoncedo ezixininisa uqwalaselo lokusaleleyo akwenziwa (*backlogs*) nezithintelo ekufundeni kusekwangoko
- Ukubonelela ootitshala nabaphathi ngolwazi nezakhono ekulawuleni ukuziphatha, kuze ngokwenjenjalo kuncitshiswe iziganeko zokuziphatha okungumngeni kwabafundi
- Ukubonelela inkqubo ehlanganisiweyo yokuthintela, ukunonophela nenkxaso kwabo bachaphazelekileyo nabasulelweyo yiHIV/AIDS neTB
- Ukuphucula iimenyu zeProgram yokuTiyiswa kweZikolo kaZwelonke nokuqinisekisa ukuba abafundi ekujoliswe kubo banikwa ukutya kungakhange kuphazamiseke inkqubo yesikolo

5. Ukumana kusandiswa ukutshintshwa kwezikolo ngokubanzi zibe ziZikolo eziBandakanya bonke abafundi ezithi zomelezwe yaye zixhaswe ukuze zilungiselele abafundi abaneemfuno zenkxaso esezantsi ukuya kweziphakathi nezithi ziphucule iziphumo zezifundo zabo bonke abafundi. Kuya kusetyenziswa umzekelo wezikolo ezibandakanya bonke abafundi ukuba zibe sisibonelo emakujongwe kuso ukomeleza nokutshintsha zonke izikolo zabafundi ngokubanzi

- Ukuqinisekisa ukuba iKomiti zokuNika iNkxaso kwiNqanaba lamaZiko (*Institution Level Support Teams*) (ILTSs) ziyasebenza yaye zixhaswa kuzo zonke izikolo
- Ukuqinisekisa ukuba izikolo zithumela abafundi ukuba bafumane inkxaso ngokwasengqondweni nangokwasentlalweni ngokusetyenziswa kwenkqubo yokuqala badlule kwi-ILST, ngaphandle kwakwiimeko ezingxamisekileyo
- Ukuqinisekisa uthatho-nxaxheba lweenkonzo zeNkxaso kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa kwiinkqubo zongenelelo ngoncedo ukwenzela ukuphucula ulwimi nemathematika
- Ukubonelela ngelTSM yokongezelela kwizikolo ezinika inkonzo epheleleyo/kwizikolo ezibandakanya bonke abafundi ukukhuthaza ukubandakanya bonke abafundi nokuphucula imfundo

6. Ukuqaphela imizekelo kwezo zikolo zikufuphi kuzo yezona ndlela zibhetele zokufundisa nezibonelelo ngokunxulumene neMfundo eneeMfuno eziZodwa/iZithintelo ekuFundeni nasekuzisasazeni ezi zinto

- Ukusebenzisa i-ICT nezinye iintlobo zemidiya ukusasaza ingcaciso, ezona ndlela zibhetele zokufundisa neziphumo zophando malunga nezithintelo ekufundeni/nemfundo eneemfuno ezizodwa/nenkxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa

7. Ukuphucula ukubonelela ngeNkxaso kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa ngokuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi bemfundo eneemfuno ezizodwa banika umgangatho ophakamileyo wenkonzo nokugxininisa kwiindlela zothintelo nezongenelelo ngoncedo lokuxhobisa ngezakhono

- Ukubonelela ngamaxwebhu asisikhokelo okuncedisa kwimfundo eneemfuno ezizodwa bonke abasebenzi ababonelela ngeNkxaso kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa nokubaqeqesha ekusetyenzisweni kwezi zinto
- Ukusuka ekugxininiseni ekunikeneni inkonzo kujoliswe kungenelelo ngoncedo lokuthintela iingxaki, umz. uphuculo lwemfundo yeBakala R no-1

8. Ukuphucula ulwazi kuwo onke amacandelo eSebe leMfundo lokunika impendulo efanelekileyo ngokunxulumene nezithintelo ekufundeni/kwimfundo eneemfuno ezizodwa

- Ukubonelela ngamaxwebhu asisikhokelo kuzo zonke iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa nokuqhuba uqeqesho lwabasenkonzweni
- Ukuxhobisa ngezakhono abasebenzi beSebe iWCED ngokumalunga nezithintelo ekufundeni/nemfundo eneemfuno ezizodwa/nenkxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa ngokweemfuno
- Ukukhuthaza ukubandakanya bonke abafundi kuwo onke amanqanaba enkqubo yemfundo

9. Ukukhuthaza iinkqubo zentsebenziswano phakathi kwamacandelo ukwenzela ukuqaphela kwangoko nongenelelo ngoncedo lwe-LSEN/ukuthintela izithintelo ekufundeni nenkxaso eqhubeka okokoko apho ifunekayo

- Ukuququzelela ukulungiselelwa kwenkqubo ebanzi, elungiselelweyo, esebenzisana kunye namacandelo amaninzi kwakunye namanye amasebe karhulumente neeNGO/neeNPO ngaphakathi kumgaqo-sikhokelo wokuNonophela nokuNika iNkxaso ekuFundeni nasekuFundiseni (*Care and Support for Teaching and Learning*) (CSTL) lona isebe lemfundo ilelona sebe liphambili koku
- Ukumana kusetyenziswa umgaqo-sikhokelo weCSTL ngokwandayo kuqalwa ngezikhokelo ezibandakanya bonke abafundi eziqatshelweyo
- Ukubonelela iphakheji yenkonzo yeProgram yezeMpilo yeSikolo eDibeneyo (*Integrated School Health Programme*) (ISHP) (*service package*) ebandakanya ukuskrina, ukukhuthaza ezempilo, ulawulo lwezifo neemeko zezifo ezinganyangekiyo (*ailments and chronic conditions*) ngentsebenziswano neSebe lezeMpilo kugxininiswa ezikolweni ezikumamqanaba entlupheko 1 no-2, malunga nezikhokelo ezibandakanya bonke abafundi kwanabanye abafundi ekujoliswe kubo

10. Ukusebenzisa inkxaso yabazali nemibutho yasekuhlaleni ukubandakanya nokuxhasa abafundi abanokhubazeko olwahluka-hlukeneyo okanye abafumana izithintelo ekufundeni, ngokwenjenjalo bancedise ekwakheni uluntu olubandakanya wonke umntu lwaseMzantsi Afrika.

- Ukuqhuba oomasifundisane, iiseshoni zengcaciso kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa, kubasebenzi beNkonzo yokuNika iNkxaso yabaneMfundo eneeMfuno eziZodwa nezikhokelo ezibandakanya bonke abafundi zabazali, abahlali kujoliswe kwiSifo sokuChatshazelwa buTywala kwaBangekazalwa (*Foetal Alcohol Syndrome*)
- Ukuqhuba iingcaciso malunga neMfundo eneeMfuno eziZodwa/malunga neZithintelo ekuFundeni/malunga nezihloko zeMfundo eBandakanya bonke abafundi abakumaqela athagethiweyo
- Ukufaka imiba emalunga nemfundo eneemfuno ezizodwa kuqeqesho lweSGB

ISebe iWCED lenze izitraksha zokuququzelela ukuphunyezwa kwesi sicwangciso

(1) iikomiti zokunika inkxaso zezithili nezeesekethe

(2) ukomelezwa kwezikhokelo ezineemfuno zemfundo ezizodwa ezityunjweyo ukuba zibe ngamaziko oncedo (*resource centres*)
